

MLINDI, KUXA LIPHI NA EBUSUKU?



[UMzalwana uGene Goad ufunda u-Isaya 21:1-12—Mhl.]

[Isihlabo esisingisele kwintlango yaselwandle. Njengezaqhwithi zasemazantsi ziwela; ke zivela zisuka entlango, elizweni eloyikekayo.]

[Umbono obuhlungu uxeliwe kum; iqhophololo lisenza ngobuqhophololo, nomonakalisi esonakalisa. Nyuka, Owu Elam: ngqinga, Owu Mediya; bonke abancwinayo phaya Ndibenze ukuba bayeke.]

[Ngenxa yoko amanqe am azele zintlungu: iinimba zifikile phezu kwam, njengeenimba zomfazi okwimigudu enzima: Ndathoba phantsi ndakuwuva yona; Ndadana ekuyiboneni kwam.]

[Intliziyo yam yaxokozela, ukunkwantya kwandothusa: ubusuku bokuzonwabisa kwam wabujikela eloyikweni lwam.]

[Lungisani isithebe, nikhangele kwimboniselo, yityani, selani: vukani, nina makhosazana, kwaye nithambise ikhaka.]

[Kuba itshilo iNkosi kum, Yiya, umise umlindi, makhe azele loo nto ayibonayo.]

[Kwaye wabona inqwelo inabakhweli bamahashe abambalwa, inqwelo yama-esile, kunye nenqwelo yeenkamela; waza waphulaphula ngenkuthalo kangangoko:]

[Kwaye wadanduluka, Ingonyama: Nkosi yam, ndimi phezu kwemboniselo njalo ngexesha lasemini, kwaye ndihleli endaweni yam ubusuku buphela:]

[Kwaye, bonani, naku kusiza inqwelo yamadoda, ngamahashe angababini. Kwaye waphendula waza wathi, iwile iBhabheli, iwile; kwaye yonke imifanekiso eqingqweyo yoothixo bayo uyaphulele emhlabeni.]

[Owu sixovulelo sam, kunye nombona wesanda sam: oko endikuvileyo kuYEHova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, ndikuxelile kuni.]

[Isihlabo sikaDuma. Umemeza kum ekwelakwaSehire, Mlindi, kuxesha liphi ebusuku? Mlindi, kuxesha liphi ebusuku?]

[*Umlindi wathi, Ukusa kuyeza, kananjalo nobusuku: ukuba niyakubuza, buzani: buyani, yizani.*]

[Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

- 2 Enkosi, Mzalwana uNeville. Kuhle ukukubona kwakhona.
- 3 Molweni kusasanje, kwiklasi yethu yeBhayibhile ngale ntsasa, njengokuba sithanda ukunibulisa eGameni leNkosi uYesu. Kwaye njengokuba bendiqhuba ndisihla ngendlela kwimizuzu nje embalwa edlulileyo, nosapho lwam, bencinga ngabantu abaphumayo ukuza enkonzweni ngeentsuku ezimtyibilizi ngolu hlobo, xana ikhephu likulo lonke ilizwe, liyingozi endleleni. Abezi nje ukuba babonwe. Banenjongo ethile ngokuza. Kwaye ndivuya kakhulu ukubona eli qela apha ngale ntsasa, olo, nangoku, “uKholo loobawo bethu, lusaphila,” luvutha ezintliziyweni zamadoda nabafazi kuyo yonke indawo.
- 4 ILizwi belisandula ukufundwa nguMzalwana wethu uGene Goad, lesahluko sama-21 seNcwadi ka-Isaya, apho siyakufunda khona, okwethutyana, size ngoko sibe nomthandazo ngenxa yabagulayo. Kwaye ngoku ukwenzela itekisi, ngale ntsasa, ndiyakuthanda ukuthabatha ngokuphuma phaya, owe-11 ukuya kumqolo we-12: *Mlindi, Kuxa Liphi Na Ebusuku?*
- 5 Kwaye ngaphambi kokuba siqalise ukuthetha, makhe sithobiseni iintloko zethu okomzuzwana nje emthandazweni.
- 6 Nkosi Thixo, UnguThixo woobawo bethu. UnguThixo Lowo owaphefumla umphefumlo wokuqala wobomi lowo owakha weza emhlabeni, kwaye uye waba nolawulo lobomi bonke kude kube lelixesha langoku, kwaye uya kulawula ngonaphakade. Kuba UnguMdali wohlanga lonke loluntu, neento zonke ezo ziphefumlayo. UnguMdali.
- 7 Kwaye siyavuya, ngale ntsasa, ukukholwa ezintliziyweni zethu ukuba amadinga Akho ayinyani, ngalinye lawo. Kwaye ukuba kula madinga, Wawuthe naphi na apho ababini okanye abathathu babeya kuhlanguanisana khona eGameni lakahle, ukuba Uyakuba phakathi kwabantu Bakho, nokuba Uyakuphendula ukumemelela kwabo.
- 8 Kwaye kukho iintliziyi ezinzima namhlanje. Okokonje ndingenile enkonzweni, ndibona abo mandlalo okanye iibhedi zokuthwala abagulayo. Kwaye abanye bephakamise imikhono yabo, ukusuka kusulelo—kusulelo ezingalweni zabo. Kwaye abanye, ndivile, ukuba balahlekelwe ngabo ababathandayo. Kwaye, owu, lihlabathi elinesono nelingendawo! Kodwa, nangoko, zonke ezi zinto zimelwe kukuba zilawulwe eNkosini uYesu, Lowo owasixelelayo, ukuba, “Zonke izinto zisebenziselana kokulungileyo kwabo bamthandayo uThixo.”
- 9 Kwaye sithuthuzelekile ngale ntsasa, ukukholwa ukuba uninzi lwezi zinto zikho ukuba zizizise emadolweni ethu. Kwaye sithanda ukucinga ngeSibhalo, ukuba, “Abo balindayo eNkosini

baya kuhlaziya amandla abo. Baya kunyuka ngeempiko njengokhozi. Baya kubaleka bangadinwa. Baya kuhamba baze bangatyhafi.” Kwaye njengokuba imbongi yathi, “Ndifundise, Nkosi. Ndifundise, Nkosi, indlela yokulinda.”

¹⁰ Makhe thina, namhlanje, njengokuba silindele ukuva nokusuka ebuQaqawulini, nokusuka emlonyeni woMsindisi wethu, ngoMoya oyiNgcwele, ukuba siya kulinda ngomonde ukuva iLizwi Lakhe lithetha izinto ezithandekayo kuthi, ngeLizwi Lakhe, lize lithethe uxolelo lwezono zethu, nempiliso ngenxa yezigulo zethu.

¹¹ Kwaye sanga singawushiya lo mnquba ngale ntsasa, sivuya, kwaye sithi njengabo babevela e-Emawusi, “Ingaba iintliziyi zethu bezingavuthi na ngaphakathi kwethu njengokuba Ebethetha nathi endleleni?” Kuba siyakholwa ngenene ukuba UyiNkosi evukileyo, njengokuba baMfumanayo ngaloo mhla. Kwaye Uphakathi kwabantu. Asiyi kudinwa, iintliziyi zethu aziyi kutyhafa. Nje makhe sihlaziye ukholo lwethu, yure nganye, kuWe. Siphe oko, Bawo.

¹² Sikucela ukuba Usikelele iLizwi elibhaliweyo. Nokusikelela iindlebe ezo eziya kuva, nemilebe leyo eyakuthetha; kwaye uzifumanele Uzuko ngoKwakho. Kuba eGameni likaYesu siyathandaza. Amen.

¹³ Akukho namnye kuthi lowo ukhuselekileyo kwiinkathazo. UThixo akasithembisanga ukusiphephisa kuko konke ukugula. Kodwa kubhaliwe, ukuba, “Amandla Akhe anele, kwaye Akasokuze abeke okungako phezu kwethu kodwa oko Ayakuthi asiphe ubabalo lokuba sikuthwale.” Ke sinaloo ntuthuzelo yokwazi.

¹⁴ Kwingcinga yetekisi nje ngoku, okwemizuzwana nje embalwa, kwinto ethile leyo ebonakale ibekwe entliziyweni yam kwiinyure nje ezimbalwa ezidlulileyo: *Mlindi, Kuxesha Liphi Na Ebusuku?*

¹⁵ Oko mhlawumbi kwakumalunga, phakathi kokutshona kwelanga nobumnyama. Kwaye kwakulusuku oloyikekayo phakathi kwesixeko, ngokuba kwabakho ukuhlatywa komkhosi, ukuba bona, umlindi emboniselweni, wathumela ilizwi lokuba wabona mgama uthuli luphakama lusuka emavilini eenqwelo. Kwaye weva ukubetha kweempuphu, zamahashe kude mgama.

¹⁶ Kodwa njengokuba amanenekazi amabini abeya kube emi equleni, kwaye ebutsheni bawo, kubudala bawo bobutsha, ayenokuninzi anokucinga ngako, acinga, kunokuba eli lizwi lo mlindi laliyintoni. Mhlawumbi lalingathethi nto ingako kuwo, ngokuba ayesezintlonini zobufazi obuselula. Mhlawumbi yayingenxa yokuba kwakuyakubakho itheko ngobo busuku, kwaye la manenekazi aselula ayefuna ukuya kweli theko. Kwaye kwabonakala ngokungathi isilumkiso somlindi sasingayi kuba naziphumo phezu kwalonto ababeyicingela kulonwabo

Iwabo lwehlabathi ngobo busuku. Ke njengokuba incoko yayiya kuqhubeke, kwaye—kwaye elinye inenekazi eliselula beliya kuthi kwelinye, “Ingaba akukubanga kakhulu, ukuba, ngomhla wethu, ukuba sibe nolonwabo olunjalo lokoniwa ngabom, umntu oya kuzama u—ukusisusa kwiinyweba ezo esinazo, nakwiziyolo ezo esinokuzonwabela?”

¹⁷ Kwaye ndiyakholwa ukuba oko nje bekuya kuhambisana noguqulelo lwale mihla yangoku, ukuba abantu bazama ukucinga ukuba xana uzama ukuba sisilumkiso kwaye ubalumkisa ngeengozi ezisondelayo, ukuba babonakala becinga ukuba ungothile udla ngendebe endala, umntu ozama ukususa lonke ulonwabo ebomini.

¹⁸ Kwaye siya kucinga kwakhona ngabafana, njengokuba babevela kwindawo yokusebenzela, nobuso babo bumdaka ukusuka emsebenzini lowo ababewuqeshelwe ebudeni bemini. Kwaye omnye umfo oselula wayenokuthi komnye, “Nje sakuba sihlambile saze salungisa, kancinci, ngokuba, siyakudibana endaweni yentselo, njengesiqhelo. Kuba ndiqinisekile ukuba wena, John, nonke aniphazamisekanga malunga naloo myalezo siwuvileyo namhlanje, loo mlindi usemboniselweni, uzama ukususa lonke ulonwabo ebomini, uzama ukusixelela ukuba kwakukho ingozi eyayisondela. Kodwa, uyazi, sinowona mkhosi ungono lowo ukhoyo. Kwaye amaninzi amajoni ethu a... adibana busuku ngabunye kule ndawo inye leyo sihlanguana kuyo, kwaye sonwabela ubudlelwane kunye, obufana no—nobuhlobo obuncinci bokungcakaza, kunye neziselo ezithile ezimbalwa. Kwaye ndi, ngokwam,” wayeya kuthi, “nje yala ukulunyukiswa malunga nayo nayiphi na kwezi zinto ezo lo mlindi ayakuthetha malunga nazo. Kuba siyakholwa ukuba ibikukusondela kwazo naziphi na iingozi, ukuba ngokuqinisekileyo abethu—abethu oorabhi baya kwazi malunga noku, abelusi bethu, kwaye bebeya kusixelela malunga nezinto ezinjalo. Kwaye nje asikukhathalele nokuva la mabali adiniweyo waba balindi phezu kwemboniselo.”

¹⁹ Kwaye ukuba lowo akunguwo owona mfanekiso ubalaseleyo wesizwe sethu namhlanje, ukuba ulutsha lwelizwe lethu, hayi ulutsha kuphela, kodwa nabadala belizwe lethu, basuke nje baba nobundlongondlongo. Kwaye nje bayala ukuva izilumkiso. Kwaye kamsinya nje wakuba umlindi wokwenene enike isilumkiso, ubalwa njengomqhekeki, okanye umbaxi othile.

²⁰ Kwaye njengokuba imini yayikhula ukuya ekubeni sebusuku, mhlawumbi ijoni elisesangweni, elo eligade amasango, langabi nakuphumla kancinci. Kwaye laya ngaphaya kum...mlindi wommelwane walo, laza lathi, “Ingaba uyakholwa ukuba kungabakho ithuba lokuba laa mlindi wayenyanisile?”

²¹ Uyazi, kukho into ethile malunga nengozi, kukho into ethile

malunga nokufa, leyo ibonakala inesilumkiso sangaphambili ngako. Amaxesha amaninzi abo ubathandayo kanye ngaphambi kokuba bawelele kwelinye icala, kubonakala kubakho isilumkiso esizayo kubo.

²² Ndisenokucinga ngotata wam, ngaphambi kokuba ahambe. Wayengaphandle kweKentucky iminyaka emininzi. Kodwa, ngeqbuliso, into ethile yabonakala isiza phezu kotata, ukuba ehle aye kwindawo yekhaya elidala aze athethe nabathandekayo bakhe nabahlobo bakhe.

²³ Emveni kokuba wathi wabuyela ekhaya, umntakwabo, lowo awayedla ngokungayi kuyombona, wayelumkiswe ngendlela engaqhelekanga ukuba eze eJeffersonville ukuza kumbona. Kwaye ngelithuba bahleliyo, bencokola, utata wadlulela kwelinye ilizwe.

²⁴ Ndinga ngotatazala wam. Nje kwiintsuku ezimbalwa ngaphambi kokuba ahambe, wathi, “Billy, makhe wena kunye nam siye kuzingela oonomatse, phezulu ngentla kwe-Utica. Ndifuna nje ukuya kwindawo endala.” Ngandlela ithile, yesikhokelo sikaThixo, andizange ndibe nako ukuhamba naye ngaloo mini. Kwaye wenyuka ngaloo mini waza wazingela, kwaye xana abuyayo ngebhasi, wa—wandixelela, wathi, “Bendihleli kude phezulu endulini. Oko konke kutshintshile ngoku. Kodwa ezantsi phaya kwikona ethile yehlathi, e-Battle Creek, kanye nje ngentla kwethu,” wathi, “bekubonakala ngathi ndiyamva umama wam ekhwaza, ‘Owu, Frankie!’” Ngobo busuku wanika ubungqina, kumqolo wesibini weli bandla, ngasekhohlo kum, enqwenela imithandazo yabantu ngenxa yakhe. Kwaye ezintsukwini ezimbalwa kamva, samngcwaba.

²⁵ Kubonakala nje ngathi uThixo usoloko ethumela umthunywa. Kukulunga Kwakhe nobabalo Lwakhe, ukunika abanyanisekileyo entliziyweni isilumkiso sezinto ezo ezisondelayo.

²⁶ Kwaye ndivuya kakhulu ukuba kulo mhla esiphila kuwo ngoku, ukuba, xana ubumnyama nesithokothoko zikuyo yonke indawo, kubonakala kukho ithemba elisikelelekileyo elibamba iintliziyo zabantu bakaThixo, lokuba ngeyure ethile ezukileyo uYesu uya kufika.

²⁷ Kwaye ngeli xesha likhulu lenkathazo, kwesi sixeko, abantu abaselula besibetha ngoyaba, kwaye nabantu abaninzi ababengakukhathaleli malunga nalonto umlindi awayeyakuyithetha. Kakade, babe kwindawo yentselo, besela, kwaye itheko laliqhubeka. Kwaye namajoni onke esela. Kwaye babenexesha elimnandi, becinga nje ukuba bakhuselekile kangangoko babenokuba nako. “Kwakungekho nto eyayiya kubenzakalisa,” ngenxa yokuba ngokulula babechwayitile, njengokuba oko besinokukubiza njalo, kwimimoya yewhiskey kunye neziselo ezixutyiweyo.

²⁸ Kwaye nje ngequbuliso, kweza iinqwelo zokulwa ziqengqeleka zingena kanye esixekweni. Kwaye iingcango zendawo yentselo zophulelwa ngaphakathi, kunye namakhaya, zaza izixhobo zokubulala zabasemsebenzini, nje ngenxa yokuba bekwalile ukuva isilumkiso somlindi.

²⁹ Kwaye imisebenzi yomlindi, kwiBhayibhile yakudala, yayiyindoda leyo eyayinyuliwe. Imele ukuba ibe yindoda eyiqondayo imizimba yasezulwini. Imelwe kukwazi nje ngokuchanekileyo apho iinkwenkwezi zijinga khona, ukuxela ixesha eligqibeleleyo ebantwini. Uninzi lwabadiniweyo, babeya kuphuma, mhlawumbi, kwaye bengakwazi ukulala, bengaphumli, kwaye bakhwaze kumlindi phezulu emboniselweni, baze bakhwaze la mazwi, “Mlindi, kuxesha liphi na ebusuku?”

³⁰ Kwaye wayeyakukhangela kwiinkwenkwezi, aze ngoko athi, “Lixesha *elithile thile*.”

³¹ Emva koko babebuyela umva emandlalweni wabo, okanye naphi na apho bakhetha ukuhlala khona, belinde ukuba kuse, xana ubusuku obudinisayo, obudinisayo, obungenakuphumla budlulile.

³² Thixo yiba nenceba! Ndiyazibuza ukuba eli ayililo na ixesha, namhlanje, apho singakhange sikhwaze kuMlindi wethu omkhulu, “Kuxesha liphi na ebusuku?” Kukho ingozi esondelayo ezayo, kwaye ihlabathi liphela libonakala lishukuma phantsi kwempembelelo yayo.

³³ Umlindi naye kananjalo wayefuneka ukuba abe esemsebenzini, ngalo lonke ixesha. Kwaye wayemele ukuba alumkise abantu ngeengozi ezisondelayo. Lowo yayingumsebenzi wakhe, ukukhangela ingozi esondelayo. Kwaye wayephezulu kwimboniselo leyo eyayakhiwe yaphakama kuneendonga. Kwaye le mboniselo, wayenayo phezulu phaya, kuyo, kuzincwadi zabafundi ngeenkwenkwezi, na njalo njalo, ukuze abe nokukhangela iinkwenkwezi aze axele ixesha. Nayiphi na into esondelayo, yexesha lemini, abe nokuyixela.

³⁴ Ngoko, kananjalo waye nokubona kude kunaye nabani na ophantsi. Wayebona kude kunaye nabani na oseludongeni, ngokuba wayephezulu kakhulu. Kwaye okukhona usiya phezulu, kulapho ukwaziyo ukubona kude. Kwaye uyakwazi ukuxela iingozi ezizayo, ezikude kakhulu kunabo babopheleleke emhlabeni.

³⁵ Kwaye njengokuba u-Isaya, ngomhla wakhe, wayethetha ukuba uThixo wayemenze waba ngumlindi. UThixo wabafanisa abaprofeti Bakhe njengamakhozi.

³⁶ Kwaye nanjengokuba bendishumayela rhoqo ngomxholo wamakhozi, ukhozi yintaka ekwaziyo ukuya phezulu kakhulu kunayo nayiphi na enye intaka. Kwaye kwafuneka ukuba lakhiwe ngokukhethekileyo ukwenzela oko kuphakama oko

lingena kuko. Ngoku, ukhetshe akanakuze alulandele. Ayikho nenyene intaka enokululandela. Luyintaka eyilwe nguThixo, kwaye lenziwa ngolo hlobo. Ukuba enye intaka yayizama ukuthabatha indawo yalo, yayiya kutshabalala. Kufuneka ukuba lube neentsiba ezomeleleyo, namaphiko omeleleyo. Kwaye bekuya kulunceda ngantoni na ukuya phezulu ukuba belungayi kubona, lube namehlo alungileyo okubona? Ukhetshe ubeya kumfameka phezulu phaya; ubengayi kubona. Kodwa okukhona ukhozi lunyukela phezulu, kulapho lukwaziyo ukubona kude.

³⁷ Kwaye uThixo wabafanisa abaprofeti Bakhe namakhozi. Bangabalindi abo abanyukela phezulu kakhulu, ukuze babe nako ukubona kude. Kwaye amehlo abo enziwa abangawokomoya ukuze babe nako ukubona iingozi ezizayo.

³⁸ Kwaye uThixo wayemisele u-Isaya phezulu ukuba alumkise abantu ukuba kwakukho ingozi esondelayo, kwaye abazange bakwazi ukumphulaphula.

³⁹ Kwaye, namhlanje, uThixo usenawo amakhozi, okanye abathunywa, okanye amadoda emboniselweni, lawo anyukela phezulu eMoyeni, kude ngaphaya kwabo bonke ubuxhakaxhaka, nazo zonke iziqhushumbisi ze-athom, nophando lwezenzululwazi. Unamadoda athe ayilwa ngokukhethekileyo ngenxa yaloo njongo, lawo anyukela phezulu ngeziganga zeKhalvari, eGameni leNkosi uYesu, kwaye eme kwinkcopho yomnqamlezo, aze akwazi ukuthumela uMyalezo kwakhona, "ITSHO INKOSI." Ukubona kwabo kokomoya kukhulu kakhulu kunababingeleli etempileni; kude ngaphaya komntu oqhelekileyo wendlela yokuphila; kuba bayilwe ngokukhethekileyo ukwenzela imisebenzi leyo uThixo ababizele kuyo. Ngoko ke, kuyafuneka ukuba sithabathe isilumkiso xana sisiva ngezinto ezo ezisondeleyo.

⁴⁰ Ngoko bendiya kutshintsha ngoku okomzuzwana nje. Kwaye ndijikele ingqalelo yenu kuKumkani wala makhozi, okanye abaprofeti, okanye abalindi basemboniselweni. Leyo yiNkosi uYesu, ngokwaYo. Kwaye ngalo mhla lowo esiphila kuwo bekukhulu kakhulu kunomhla lowo Awaysapha ngawo, wade, xana Wayesezithunzini kanye zomnqamlezo, Wathetha kakhulu ngokuBuya Kwakhe okwesibini kunokuba Wenzayo ngokuhamba Kwakhe. Ukuba niyakuziphengulula ngenyameko iZibhalo, niyakufumanisa ukuba nje ngaphambi kokuhamba Kwakhe, ukuba Waprofeta ngezinto ezo ebeziya kwenzeka ngalo mhla.

⁴¹ Wayesazi ukuba Wayemelwe kukuba abethelelwe emnqamlezweni. Wayesazi ukuba Umelwe kukuva ubunzima o—omsulwa ngonetyala. Wayesazi ukuba Uyakubuya avuke kwakhona engcwabeni, ngomhla wesithathu. Wayesazi ukuba akukho mandla lawo ayenokuMbamba engcwabeni, ngokuba

iLizwi likaThixo lalithe, “Andiyi kumyekela oyiNgcwele waM ukuba abone ukubola, Ndingayi kuwushiya umphefumlo Wakhe kwelabafileyo.” Kwaye kwakungekho mandla lawo ayenokusaphula eso siprofeto. ILizwi Lakhe liya kuba yinyani, kwaye Aya kuzaliseka ngamaxesha aWo. Kwaye Wayenentembelo yokuba, lonto uBawo awayeyithethile, uBawo wayenako ukuligcina iLizwi Lakhe.

⁴² Ngoko ke, intliziyo Yakhe enkulu leyo eyayingaphakathi kuYe, leyo eyayiyiTrone kaThixo, entliziyyweni Yakhe Wayesazi ukuba la maxesha makhulu okulingwa aya kufika ukuba azivavanye zonke izzwe, kwaye avavanye bonke abantu. Ke, ngoko ke, Wayesazi ukuba umbuzo omkhulu wawubekiwe, hayi owokuba Uyakubuya avuke kwakhona, okanye wokuba Uya kubethelelwa emnqamlezweni ngokweZibhalo na, okanye hayi wokuba Uya kunyukela eNyangweni na, kwaye uMoya oyiNgcwele uyakuza kusini na. Kodwa umbuzo wawusithi, “Ingaba luyakube lukho ukhoho oluseleyo emhlabeni ekuBuyeni Kwakhe na?” Kwaye luelaphi ukhoho? “Ngokuva iLizwi likaThixo.” Lowo yayingumbuzo Wakhe. “Ingaba luya kubakho ukhoho emhlabeni xana Ndifikayo?” Ingaba Uya kubafumana abantu abalikhohlwayo iLizwi Lakhe na?

⁴³ Ngoku xana thina, ngomhla lowo esiphila kuwo, besinokutyhila kumaphepha eLizwi Lakhe elisikelelekileyo, kwaye sifumane kwa ezo zinto Awathi ziyakwenzeka, zisondele emhlabeni namhlanje, imiqondiso nezimanga ziyenzeka: “Intliziyo zaMadoda ziyasilela luloyiko.” Kukho u “kudideka kwexesha nembandezelo phakathi kwezizwe. Imibono eyoyikekayo ezibhakabhakeni,” njengeesosara ezibhabhayo, kwaye iPentagon iyonke ishukunyisiwe. “Kwaye ulwandle luyagquma, neenyikima zomhlaba kwiindawo ezahlukeneyo. Intliziyo zamadoda ziyasilela, luloyiko.” Izixhobo ezinkulu ze-athom zimisiwe, zilindile. Ubumnyama bujinga phezu komhlaba, obo ihlabathi elingazange labubona ngaphambili.

⁴⁴ Kule veki iphelileyo ndibe nenyhweba yokuthetha nomnye wabahlobo bam abathandekayo nabazalwana, uMphathi uJulius Stadsklev, lowo owabhala incwadi, *Umprofeti Undwendwela I-Afrika*. Kwaye uMzalwana uJulius wayeseCalifornia, lowo ngoku uthabatha izifundo zakhe zokubangumajor emkhosini. Kwaye yena...Wona, amagosa omkhosi, amthabatha ukuze amvavanye ngovavanyo olukhulu. Kwaye aphengulula umlibo wakhe wokuzalwa ade abanokuqonda ukuba umama kamakhulu wakhe yayingubani na, nembali yabo nento ababeyiyo, ngaphambi kokuba abenako ukuhlala ngaphakathi kulo mhlango.

⁴⁵ Kwaye njengokuba ephuma emhlanganweni, kwaye wenyuka waya encotsheni yenduli apho sasihleli khona nabanye abahlobo, wadibana nam phaya phandle phantsi komthi wejunipha, waza wathi, “Mzalwana uBranham, yeyona

nto idinisayo leyo wakha wayiva.” Wathi, “Ndiphantsi kwesona sifungo sikhulu eso endingenako ukusixela, okanye endingenako ukukhupha naluphi na ulwazi,” wathi, “ngokuba singa... Baye basithabathela phantsi kwesifungo esindilisekileyo. Kodwa,” wathi, “Ndingakuxela oku. Umkhosi uya kupheza. Abasayi kuba nawo nawuphi na umkhosi kwakhona; nje oonogada abambalwa ngeenxa zonke. Abasayi kuphinda babe nenqwelomoya. Abasayi ku—kugxilisa ixesha labo ekwakheni iinqwelomoya ezikhawulezayo ngakumbi na njalo njalo, ngaphandle nje kokuba isetyenziselwa urhwebo. Bagxile nje ekutsaleni okunye kwindawo yokudubula. Kuya kufika nje ukutshatyalaliswa okupheleleyo.”

⁴⁶ Wathi, “Mzalwana uBranham, uluntu alwazi ukuba ziyintoni na iimfihlelo zezinto zomkhosi.” Wathi, “Xana la magosa amakhulu ethetha egumbini,” wathi, “kwafika ubumnyama oboyikekayo phezu kwegumbi, yade yaphakama enye yeenzululwazi zabo eziphambili, yaza yathi, ‘ndinqwenela ukuthabatha inqwelo endala kunye nenkomo, ndize ndiyiqhubele emva kweentaba, ndize ndizityalele isiqwenga sekhaphetshu neemboty, ndize ndilibale konke malunga noko.’ Owu,” wathi, “bekuyakuba, ukuba olu lwazi lungaphumela phandle eluntwini, ihlabathi liphela beliya kuba nexhala. Ingozi iyasondelela.”

⁴⁷ Wathi, “Bafumene... batsala amagosa abo ngoku eziqithini. Batsala umanyano lwabo ukuphuma eNgilani. Kwaye banezikhephe ezinkulu ezihleli phandle phaya, kunye nohlobo oluthile lwezixhobo. Kwaye balinde nje isivunguvungu sokuqala sesiqhushumbisi, kwaye zonke izizwe ziya kutshabalaliswa ngaxeshanye.” Wathi, “Akusayi kubakho nahlumelo linye lengca eliyakusala emhlabeni, nanye intaba kodwa leyo iya kushukunyiswa ifikelele kwinqanaba layo. Kwaye oko kungenzeka nanini na.” Owu, enjani yona ukubamnyama iyure!

⁴⁸ Kwaye zonke ezi zinto ezo nizivayo malunga neesosara ezibhabhayo. Kwaye niluvile udliwano ndlebe nalaa ndoda, ndiyaqonda, izolo, kunomathotholo, leyo iyeyabanga ukuba ithethe ebantwini. Andinqweneli ukungayihoyi laa ndoda, kodwa inkqubo yayo iphela ichasene neLizwi. Ayilunganga. “Kwaye kuMars, abanako ukufa, kwaye beze apha ukuba kusifundisa indlela yokuba singakufumani njani ukufa.” Kodwa xana kusiza kubungqina, ayizange ibenalo nesuntsu elinye lobungqina, lokuba yayinokukungqina oko. Nje yimbono ethile yentsomi leyo eyathi yayizoba. Kwaye, kolwam uluvo, oko bubuxoki, ngokuba iBhayibhile yathetha ngokwahlukileyo ukusuka kulonto eyayithethayo.

⁴⁹ Ndingakhe ndithethe into endiyicingayo malunga neesosara ezibhabhayo. Andikholwa ukuba zona zizithunzi. Andikholwa ukuba zona ziyintsomi. Ndiyakholwa... Kwaye oku akuyenzi ukuba ibe yelungileyo. Oko nje yimbono yam kuphela.

INkosi ayindixelelanga ukuba le yilonto eziyiyo. Kodwa, ngokukhangela eZibhalweni, kuba Kulapho sifumana khona zonke izinto.

⁵⁰ UYesu wathi, “Njengokuba kwakunjalo ngemihla yaseSodom, ke kuyakuba njalo ekufikeni koNyana womntu.” Kwaye ngaphambi kwentshabalalo yaseSodom, kwaye umlilo wawa waza wasitshisa isixeko namathafa, kwabakho iiNgelosi ezathunywa zivela eZulwini, ezo ezakhangelana ngaphakathi kwaye zenza uphando, ukuze zifumanise ukuba ezi zinto zaziinyani na okanye hayi. Kwaye bekungayi nje ukuba njengoThixo ukuba athumele kwakhona iiNgelosi Zakhe ukuba zenze uphando kwaye zifumanise, ngaphambi nje kokufika kwentshabalalo enkulu? Kwaye ingaba niqaphele? Kwabakho iiNgelosi enye Leyo eyafikayo, Leyo eyatyelela indoda endala leyo eyathi yenzela uThixo isigqibo, kwaye yayisidla ubomi, ideliwe lihlabathi, ententeni emva entlango, ngenxa yokuba umntu othile wayekhethile waza wabuthabatha bonke ubutyebi bakhe. Kodwa yathi, “Okokulungile. Ndiya kuhlala nje apha kwintando kaThixo.”

⁵¹ Ndingathanda ukuba sentandweni kaThixo kunokuba ndibe nayo yonke imali ihlabathi elinokukunika yona.

⁵² Kwaye njesakuba eso isigqibo sokugqibela senziwe, ngoko iiNgelosi yeNkosi yeza ku-Abraham yaza yathi, “Khangela empuma, entshona, entla, nasemazantsi. Lelakho lonke, Abraham.”

⁵³ IZibhalo ziyasixelela ukuba, “Banoyolo abanobulali: kuba baya kuwudla ilifa umhlaba bona.” Oko kwenza wuphi umahluko? Zonke izinto zomhlaba ziya kutshabalala kunye nomhlaba, kodwa uThixo akanakuze atshabalale.

⁵⁴ Kwaye ndiyakholwa njengokuba, ndikhokelwa ukuba ndikhokelwe, oko kukuthi, ukuba umfanekiso weNgelosi yeNkosi Leyo izayo ize yenze ukucalula . . .

⁵⁵ Ingaba niyiqaphele iiNgelosi Leyo eyeza ku-Abraham? Yayiwufulathelise intente umqolo waYo, xana Yayithetha ku-Abraham, yaza yathi, “Ndiya kuligcina idinga laM kuwe.”

⁵⁶ Owu, onjani wona uMyalezo weNgelosi kaThixo ngalo mhla, Lowo uyakuligcina idinga Lakhe! Konke ukungakholwa kwehlabathi, abathandabuzi, abangakholwayo kuthixo, kunye nabangakholwayo, nabangakholwayo, abasoze bawenze aMandla kaThixo ukuba alambathe. Kuya kwenzeka nje ngokufanayo.

⁵⁷ “Ndiya kulikhumbula idinga laM, kwaye Ndiya kulenza idinga laM ukuba lilunge.” Kwaye uSarah wahleka ententeni emva kwaYo.

⁵⁸ Kwaye ngomqolo waYo ufulathele intente, Yathi, “Uhlekele ntoni uSara?”

59 Kwaye uSarah wabalekela phandle waza wathi, “Andizange ndihleke,” ngokuba wayesoyika.

60 Yayiluhlobo olunjani lweNdoda olu? Ndiyazibuza ukuba yayi lolunjani uhlobo loMlindi olwaluphezu kwemboniselo ngoko? “Ngowuphi lomfuziselo wobuqu lo unathi, ngomhlana waYo undifulatheleyo, kwaye nangoko wabe esazi ukuba ndiye ndahleka, ententeni?” Khumbula, WayenguMlindi.

61 Kwaye Wajika, waza Wathi, “Ewe, uhlekile.” Kwaye yena wayesoyika.

62 Ngoku, siyaqaphela kwakhona, ukuba ngalo mhla kanye nje ngaphambi kokuBuya kweNkosi, ezi Ziqu zinye ziyakubuya kwakhona. Kwaye ndiyazibuza, njengokuba sikhangelela macala onke kwaye sibona imvelo yaZo, sikhangelela loo nto eZiyenzayo, kwaye ndiyazibuza ukuba uninzi lwezi zibonakaliso zizimfihlelo akuyiyo kanye le nto uYesu wathi iyakwenzeka. “Kuya kubakho imiqondiso emazulwini phezulu. Kwaye emhlabeni kuya kubakho ukubandzeleka phakathi kwezizwe, ukudideka kwexesha, iinyikima zomhlaba kwiindawo ezahlukeneyo, kwaye amadoda esifa kukusilela kwentliziyo.” Hayi abafazi; amadoda. Abasetyhini abafi rhoqo ngenkathazo yentliziyo. Ngamadoda. Oko kuzalisekisa lonto uYesu wathi iya kubakho. Yiloo nto kanye Wathi iyakubakho.

63 Kwaye ngoko njegokuba besinokuqhubela phambili, iyure emva kweyure, kubo bonke abaprofeti, indlela abathi baprofeta ngayo ngalo mhla. Ibingayi kumenza omnye akhwaze, “Mlindi, kuxa liphi na ebusuku?”

64 IPentagon ayinayo impendulo. I-United States ayinayo impendulo. IJamani, iRashiya, akukho nasinye kuzo esinempendulo. Inzululwazi ayinayo impendulo.

65 Ngubani onempendulo? Umlindi, lowo useludongeni, unempendulo. “Mlindi, kuxa liphi ebusuku?” Kwaye uMoya oyiNgcwele unguloo Mlindi lowo ulungisa abantu, kwaye unika izilumkiso ezivela kuThixo. Uye wamiswa njengoMlindi. Sibona abagulayo bephilisiwe, amehlo amfamekileyo evuleka, iindlebe ezivingcekileyo zivulwa, iziqhwala zihamba, isiqhwala siyakhotha... sixhuma njengexhama. Sizalisekisa u... Ingaba kuthekani na? KukuBuya kweNkosi, kuqhubela phambili.

66 Kwaye zonke ezi zinto, kunye nezi zilumkiso! Kwaye abantu bayaqhubeka benyanzelisa kanye ukuya phambili kumatheko abo ebhiya, kude kube ngamaxesha abo obudenge. Kwaye bedloba. “Kwaye bayajuxuza, baze badle, kwaye basele, kwaye bazeke, baze bendiswe,” kanye njengokuba uThixo wathi kuya kuba njalo. Akukho ndlela yakubanqanda.

67 Ngoko ukuba uyaqaphela, kwesi sigaba sikhulu sebandla, ngokweSityhilelo 3, kwesi sigaba ngoku yayingulowo owathi wanikwa iKhwezi Lokusa, kanye nje ngaphambi kokuBuya.

⁶⁸ Khangela indlela u-Isaya awaye ngokweSibhalo ngayo xana wathi, “Mlindi, kuxa liphi ebusuku?” Wathi, “Intsasa iyeza, nobusuku kananjalo.” Intoni? Intsasa iyeza, kodwa ubusuku bufika ngaphambi kokusa. Yayiyintoni leyo? Nabani na uyazi ukuba ngaphambi nje kokuba kuse, kanye nje ngeeyure zokusondela kosuku, kujika kube mnyama kakhulu kunokuba kwakha kwanjalo.

⁶⁹ Owu, zihlobo zam, phulaphulani ku ITSHO INKOSI. Ukuba nindigqala ukuba ndimkhonzi Wakhe, kungaphambi nje kokuba kuse. Yiyo loo nto obu bumnyama boyikekayo buphezu komhlaba. Kungaphambi nje kokuBuya kweNkosi uYesu. Akusekho themba lishiyeke ntweni ngaphandle kokuBuya Kwakhe.

⁷⁰ Iizizwe zichasene nezizwe. Kwaye baye badlalela kwilabhorethri kaThixo bade bafumana amandla okuvuthululana kuse eluthuthwini lwe-athom. Kwaye bangendawo, kwaye abanalunqulo, kwaye abafani noKristu. Kwaye ekuphela kokuzimisela abanako, kunye nenjongo, kukutshabalalisa. Kwaye baphenjelelwe yingelosi etshabalalisayo leyo eyathunyelwayo ivela ezulwini ukuba ikhuthaze la madoda.

⁷¹ Makhe ndithi, eGameni leNkosi uYesu, uMoya oyiNgcwele uthunyelwe njengoMlindi phezu kwemboniselo. Kwaye njengokuba abantu bekhwaza, “Kuxa liphi ebusuku?” Ingaba udiniwe bobu bomi na? Ingaba udiniwe sisono? Ingaba udiniwe yimingcelele yomngcwabo, nezigulo, nokungahlonelithixo ngeenxa zonke? Ingaba ubusuku bube bude kwaye budinisa? “Kuxa liphi ebusuku, Mlindi?”

Wathi, “Ukusa kuyeza.” Uyayibona intuthuzelo na?

⁷² “Kwaye nobusuku kananjalo buyeza.” Yintoni ubusuku? Khangela indlela awayehambisana nayo neSibhalo ngokugqibeleleyo, u-Isaya awayeyiyo. Ngexesha eliqhelekileyo le—lemvelo, rhoqo ukuba ukusondela kwelanga kujiyisa ubumnyama kunye kwaye kwenze ukuba bube mnyama. Kumnyama kakhulu ngaphambi kwemini kunalo naliphi na elinye ixesha ebusuku. Ngokuba? Kukusondela kokukhanya oko kubenza ukuba bube mnyama.

⁷³ Kwaye kukusondela kweNkosi uYesu ngoku oko kuzisa obu bumnyama phezu komhlaba. Akazange Athi, “Xana ezi zinto ziqalisa ukwenzeka, phakamisani intloko yenu, kuba intlangulo yenu iyasondela?”

⁷⁴ IPalestina sisizwe. AmaYuda abuyile evela kuwo wonke umhlaba, kwaye abekwe phaya ukuba aMbone esiza, njengokuba uThixo wathi ayakwenza njalo. “Wufundeni umzekeliso kuwo umkhiwane, xana uthe wadubula amagqabi wawo.” Wathi, “Ke kuya kuba njalo ukuba esi sizukulwana asiyi kupheza, asiyi kubhangiswa, asisayi kuze siphele, zide zibe

zonke ezo zinto zenziwe.” Esiphi isizukulwana? Isizukulwana eso esiwubonayo umthi womkhiwane udubula amagqabi wawo. USirayeli ubesoloko engumthi womkhiwane.

⁷⁵ “Lonto ishiywe ngumqikela, ityiwe ngumnqunquthi,” watsho uYoweli. “Lonto ishiywe ngumnqunquthi, ityiwe ngumbungu. Kwaye lonto ishiywe ngumbungu, inkumbi iyityile.” Kwaye ukuba uya kuqaphela, lowo nguqongqothwane omnye. Ngasinye kwezo zinambuzane ezo zawutyayo umthi, sisinambuzane esinye, kuphela kwisigaba esahlukeneyo. Kwaye kwa eso sono sinye nokungakholwa oko okwaqalisa ukutya amaYuda, ukuba, “UYesu wayengenguye uKristu,” eso esawutyayo loo mthi ukuba ube sisiphunzi esibharhileyo. Kwaye umprofeti wakubona oko, waza walila. Kodwa iNkosi yathi, “Ndiya kubuyisela,’ itsho iNkosi, ‘yonke iminyaka leyo iminqunquthi, nenkumbi, nemiqikela yayityayo.”

⁷⁶ Kwaye okwetyeli lokuqala kwiminyaka engamakhulu angamashumi amabini anesihlanu, amaYuda abuyela kwilizwe lawo. “Eso sizukulwana asisayi kubhangiswa, asisayi kudlula, zide zibe zonke ezi zinto zibe zizalisekile.” “Ngoko Ndiya kumthulula uMoya waM ngemihla yokugqibela,’ utsho uThixo, ‘phezu koonyana baM neentombi, kwaye baya kuprofeta. Kwaye Ndiya kubonisa izimanga.”

⁷⁷ Abagulayo baye baphiliswa, amandla amakhulu aye enziwa, kwangaloo Moya mnye lowo wawuhleli kwaye wawunokuxelela u-Abraham ukuba uSarah wahleka egumbini emva kwaWo.

Ngoko siyakhwaza, “Mlindi, kuxa liphi ebusuku?”

⁷⁸ Kwaye wathi, “Ubusuku buyeza.” Khangelani. Ubusuku, kuqala... Ukusa kuyeza, kuqala. Emva koko, nobusuku, kananjalo.

⁷⁹ Nje ngaphambi kokuqhekeka kemini, kuhlala kukho ukukhanya okunye okukhulu oko okusoloko kubekiwe emazulwini, kwaye elo likhwezi lokusa. Xana ubona ikhwezi lokusa lisiya liqaqamba, liqaqamba ngakumbi lize liqaqambe ngakumbi, ngoko umhlaba uya usiba mnyama ngokuba mnyama. Kwaye isizathu sokuba liqaqambe ngakumbi, kungenxa yokuba umhlaba umnyama ngakumbi.

⁸⁰ Kwaye iBandla lale mihla yokugqibela, ababiziweyo kunye noMzimba kaKristu onyuliweyo, bathenjisiwe yiBhayibhile ukuba Uyakubanika iKhwezi loKusa.

“Mlindi, kuxa liphi ebusuku? Yintoni eya kwenzeka na?”

⁸¹ Nantsi apho ikhoyo. Ukutshabalalisa okupheleleyo kuyeza ehlabathini liphela. Kodwa ngaphambi kokuba ukutshabalalisa kwenzeka, iBandla likaYesu Kristu liyakuya kuXwilo, ukuya kuhlangana neNkosi yaLo.

⁸² Yintoni ekumele ikhwezi lokusa liyenze? Yintoni eyenza ukuba iinkwenkwezi ziqaqambe ngeloo xesha? Kukusondela

kwelanga. Ikhwezi lokusa libonakalisa ukukhanya kwelanga. Ezinye iinkwenkwezi zibonakala zimfiliba ngaloo yure.

⁸³ Zonke imfundiso zakwalizwi ezenziwe ngumntu, konke ukubanda, ubulukhuni bokungakhathali kuya koma. Kodwa laa mlindi uhleli ngaphaya phezu kwemboniselo, kunye neKhwezi loKusa, liya kubonakalisa uMyalezo wenyani weNkosi uYesu oya kusondela kamsinya, ngokuba Uqaqamba ngakumbi nangakumbi, ngalo lonke ixesha, njengokuba ilanga liqalisa ukuphakama.

⁸⁴ Owu, ndingathi, makhwezi okusa, vukani kwaye nikhanye kuse eluzukweni lukaThixo, kuba ukusondela kobumnyama basezinzulwini zobusuku buphezu komhlaba, nesithokothoko sobumnyama siphezu kwabantu. Kodwa ukusa kuyeza, kwaye iinkwenkwezi ziya kube zinika ukukhanya kwazo.

⁸⁵ Cinga nje ngaloo yure yoyikekayo leyo ikhangelene nehlabathi liphela. Cinga nje ngobo bumnyama boyikekayo obo bukhangelene naye wonke umntu ongasindiswanga namhlanje. Zonke izizwe, nazo zonke iintaba, namafama onke nezindlu zonke ezo bazukiswa ngazo, ziya kwenziwa umgubo, zibe luthuthu lwentaba mlilo kwakhona, ngomzuzwana, ngokuphanyaza kweliso.

⁸⁶ Kodwa abo bayithandayo iNkosi, abo abanokuKhanya kweKhwezi loKusa, ukuba babeka—babeka amehlo abo kuYe, bawasuse kwizinto zehlabathi! Kwaye njengokuba uPawulos wabhalayo kwincwadi yakhe yokuvula, ngaphambi kokuba awushiye umhlaba, wayediniwe, ephakuzela, kwaye ediniwe. Owu, indlela endimvela ngayo loo mYuda mncinci. Xana wathi, “Makhe kungabikho bani undikhathazayo. Ndiwuzamile umzamo omhle, kwaye ndilufezile ugqatso lwam. Ndilugcinile ukholo. Kwaye ukusukela ngoku ukuya phambili kukho isithsaba sobulungisa eso iNkosi uMgwebi olilungisa eya kundinika sona ngaloo mini.” Ngoko wacinga ngamakhwezi okusa azayo, wathi, “Hayi kum kuphela, kodwa nakubo bonke abo abakuthandayo ukubonakala kwaYo.” Owu, “Phakamisani iintloko zenu, intlangulo yenu iyasondela.”

⁸⁷ “Mlindi, yintoni eyenza ukuba iphepha lithethe oku? Yintoni eyenza inzululwazi yoyike ukuhamba? Yintoni eyenza ukuba iPentagon yoyike ukubeka ulwazi ngaphandle?” Ngokuba abantu baya kuzibulala balahlele imali yabo ezitratweni, nezinto. “Yintoni ebiyaku... Yintoni ingxaki? Ingaba yintoni? Kuthekani na ngobusuku?”

⁸⁸ “Ukusa kuyeza.” Kunjalo oko. Konke oko kumalunga nantoni na? Kukwenzeka kokusa, okuzayo, kwaye kutyhudisa kubhekise ekuKhanyeni. Kukwenza ubumnyama besithokothoko obuzayo nje kanye ngaphambi kokuba ukuKhanya kukhanye.

⁸⁹ Ndiyavuya kakhulu ukuba ngumKristu. Ndivuya kakhulu ukuba ndingumlindi Wakhe, omnye wabo, abo bemi eludongeni, abakhwazayo, “Zilungiseleni ukuhlangana noThixo, kuba ilixa lokuBuya Kwakhe liyasondela.”

⁹⁰ Kwaye wena, apha kweli bandla ngale ntsasa, ukuba kukho lowo ungaqinisekanga ukuba iKhwezi loKusa libonakalalisa ukuKhanya kwaLo entliziyweni yakho, uMoya oyiNgcwele omkhulu, wanga ungakulungiselela oko. Kuba kukho esona siganeko sikhulu kakhulu eso esakha senzeka, sikufuphi kanye ngoku. Simi eludinini, sikhangele umdlalo weqonga omisiweyo.

⁹¹ Ndiye ngamaxesha amaninzi ndabukela imiboniso bhanyabhanya, indlela eHollywood nakwiindawo ezahlukeneyo, bemisa ngayo imidlalo yabo yeqonga. Kwaye nendlela abathabatha ngayo abadumileyo babo, kunye nababo njalo njalo, baze babalungise macala onke. Kwaye nendlela ababaqeqesha ngayo nayo yonke into ngaphambi kokuba umdlalo weqonga omkhulu wenzeke. Ndasoloko ndimangaliswa ekuwubukeleni, kwaye ndisazi ukuba umele ukuba ungumgunyathi.

⁹² Zonke izinto ezingumgunyathi zenziwe ukuphuma kwezokwenyani. Akunakubakho idola yomgunyathi de kube kukho eyokwenene. Akunakubakho umhanahanisi ngaphandle kokuba kukho umKristu wokwenene. Akunakubakho umyalezo wobuxoki ngaphandle kokuba kukho Oyinyani. Akunakubakho ubusuku ngaphandle kokuba kubekho imini. Ngokuqinisekileyo!

⁹³ Kwaye njengokuba ndibabukele besenza imidlalo yabo yeqonga, kwaye ndacinga, “Owu, simi ngaphaya kude nemboniselo, kude ngaphezu kwayo nantoni na kweli hlabathi, kwaye sikhangele ezona zinto zimbini zinkulu kakhulu; ukuphela kwexesha, nokuBuya kweNkosi.” Kamsinya, “Ixesha alisayi kubakho kwakhona.” “Akusayi kubakho xesha kwakhona,” kwaye nokuBuya kweNkosi.

⁹⁴ Kwaye umchasiKristu, unabalawulwa bakhe abamiswe phaya. Unobukomanisi. Unama isms ohlukeneyo: unobucawe, unobuKatolika, unobuProtestanti. Unayo yonke into imisiwe, ukwenza umboniso omkhulu.

⁹⁵ Kodwa ndiyavuya kakhulu ukuba kukho uBawo eZulwini, Onabalinganiswa Bakhe abamisiweyo, naye, ukwenzela lo mdlalo mkhulu weqonga. Xana umchasiKristu ebangenisa ekufeni kwayo yonke into, nkqu nakwixesha, uThixo ulungele umdlalo Wakhe weqonga ukunyusela iBandla Lakhe kuNaphakadeni, kwiindawo zolonwabo ezinguNaphakade, kunye noThixo ngoKwakhe. Xana, le mizimba midala mibi iyakuguqulelwa yenziwe ifane noWakhe uMzimba ozukileyo, kwaye oku konakala kuya kuthabatha ukungonakali, kwaye ekufaneni naYe siya kuma ngonaphakade.

⁹⁶ Khangelani! Nina abo babukela umabonwakude, nina abo nimamela unomathotholo, nina abo nifunda amaphephandaba enu, nina nithanda ukuva iindaba nize nizibuze ukuba yintoni le, phulaphulani kwizwi lam: “Ukusa kuyeza, kwaye nobusuku buyeza kananjalo.” Ukusa kuza ngenxa yabo abakulungeleyo ukusa, kwaye ubusuku buza ngenxa yabo abangakulungelanga ukusa. Wanga uThixo angalungiselela iintliziyo zethu namhlanje.

⁹⁷ “Kuba ukusa kuya kuvela ngoNaphakade kuqaqambile kwaye kukuhle.” Kwaye njengokuba imbongi yathi, “Abakhethiweyo Bakhe baya kuhlenganisana emakhayeni abo ngaphaya kwesibhakabhaka. Xana incwadi esongwayo iya kubizwa phezulu ngaphaya, ndiyakuba phaya.”

Masithandazeni.

⁹⁸ Kule yure yobumnyama obuphezu komhlaba, kunye nentshabalalo kuyo yonke indawo, Nkosi Thixo, thina si... Asikwazi nje ukuchaza indlela esiziva ngayo, kunye nombulelo nokubonga entliziyweni yethu, ukuba uYesu Kristu wehla evela ebuQaqawulini, waza wenziwa umntu ofana nathi, wahlala phakathi kwethu. Kwaye xana Wafela izono zethu, weza ngendlela yaseParadesi, kwaye wathabatha imiphefumlo eyayilindle, wagqobhozela kuwo onke amandla okomoya lawo umtyholi awayebophe umhlaba ngawo, waza waze uphawu lomgca, ukuze ukukhanya kwelanga lobabalo lukaThixo oluNaphakade lukhanye phezu kwabo bakulungeleyo ukulwamkela.

⁹⁹ Thixo, siphe namhlanje, ukuba abantu kuyo yonke indawo bayakukhawuleza, bakhawuleze, bangene ebuKumkanini, kuba uMyalezo ubusoloko ungxamisekile. “Khawuleza, khawuleza, phuma!” iNgelosi yathi, eSodom, “Andinakwenza nto ude uze apha.” Nkosi, siphe, ukuba nangona uMyalezo uzele lubabalo, namandla, nothando, nangoko ungxamisekile. Siphe, Nkosi, ukuba abantu babe nokuza ngokukhawuleza baze bamkele uKristu kwaye bazaliswe ngoMoya oyiNgcwele. Kuba uYesu wathi, “Abo abangabakaThixo, bayaweve aMazwi kaThixo.” Banga bangeza kwaye baguquke ezonweni zabo, babhaptizelwe eGameni leNkosi uYesu, ukuze baxolelwe izono zabo, baze bazaliswe nguMoya oyiNgcwele; ukulungisa umphefumlo wabo kwimeko leyo elalikuyo ibandla lokuqala, ke liyakuba njalo xana Ufikayo.

¹⁰⁰ Sinombulelo ngoMyalezo, kwaye sithandaza ukuba Uya kuWusikelele, Nkosi, ukwenzela ukulunga kwentliziyo zethu, njengokuba silindele kuWe. EGameni likaYesu siyathandaza. Amen.

¹⁰¹ [Indawo engenanto eteyiphini. Umdlali wepiyano uqalisa ukudlala *Xana Bekhalisa Iintsimbi ZeGolide*.—Mhl.]

Ngamnye ngamnye siya kulizuza isango,

Phaya ukuya kuhlala nabangenakufa,
Xana bekhalisa ezo ntsimbi zegolide
ukwenzela mna nawe.

¹⁰² Ingaba aniMthandi nje? Ngoku, umyalezo ugqityiwe, makhe nje siMnqule ngolo hlobo, sikuMoya. Nje...Ulapha. Mkhulu, amazwi angqongqo, kodwa ayinyani. Ndiwathetha eGameni likaKristu. Ukusondela kosuku. Ukuba niyandigqala... Ndifuna oku... [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

...mna nawe.

Makhe siphakamiseleni nje isandla sethu phezulu.

...uyeva...
Ingaba awuziva iiNgelosi zicula?
Luzuko kwiNtlokoma haleluya.
Kuloo nto ikude imnandi ngonaphakade,
Nje ngaphaya komlambo oqaqambileyo,
Xana bekhalisa ezo ntsimbi zigolide
ukwenzela wena...

¹⁰³ Ngelithuba edlala oko kwakhona, makhe sixhawule izandla nomntu othile ongakuwe!...?...

...emnandi ngonaphakade,
Nje ngaphaya...
Xana i...kuphela sifikelela olwa nxweme
ngokholo...

¹⁰⁴ Nje yithi omnye komnye, “Mhambi ngezonzulo, ndiyavuya kakhulu ukuba nawe.”

...omnye sizuzisa isango,
Phaya ukuya kuhlala nabangenakufa,
Xana bekhalisa ezo ntsimbi zigolide
ukwenzela mna nawe.

Ingaba awuziva iintsimbi ngoku zikhala?
Ingaba awuziva iiNgelosi zicula? (Ingaba yintoni leyo?)
Luzuko kwiNtlokoma haleluya.
Kuloo nto ikude imnandi ngonaphakade,
Nje ngaphaya komlambo oqaqambileyo,
Xana bekhalisa ezo...

¹⁰⁵ Oko nje kuzise into ethile engqondweni yam. Inkosikazi yam, emva phaya, iyayikhumbula lonto kakuhle. Ndaba nenyhweba yokutyelela icawe endala eyiPisgah, iziko leBhayibhile eCalifornia. Ndaba nenkonzo yobusuku obunye nabo. Leyo yendala, eyakuqala indlu yamandla. Enjani yona ukumangalisa indawo! Ndahlanga nomalusi, uMzalwana uSmith. Uyazi, bashicilela iphepha. Babenoncedo. Abayithabathi iminikelo. Yonke into ingesisa. Kwaye sele bekho iminyaka engamashumi amahlanu neminyaka ethile. Yaqalwa ngugqirha lowo

wayesisiqhwala, weza eCalifornia ukufumana uncedo. Ugqirha wathi, “Akukho nto inokwenziwa kuwe.”

Ndiyakholwa ukuba yayinguGqirha. uPrice ongasekhoyo okanye umntu othile, owamthandazelayo, phezulu egumbini ngenye intsasa. Akazange afumane naziphi na iziphumo, kwabonakala, kanye ngoko. Ukuba oko akuthethi kwanto. Ke, waqalisa. Wathi, “Ngandlela ithile, enye, ndiyakholwa, nangona.” Kwaye xana waqalisa ukunyathelisa unyawo lwakhe elususa kwisithintelo, umlenze wakhe osisiqhwala woluleka. Waseka iKhaya eliyiPisgah.

¹⁰⁶ Ngobunye ubusuku ndandingaphaya, ndishumayela. Babexinene kuloo holo inkulu, kwaye amakhulu aphindwe ngamakhulu emi kuzo zonke izitrato nayo yonke into, apho bangena khona ngasemva. Kwaye emva kokuba uMyalezo uphelile, into ethile yenzeka, izinto ezimbini endingazange ndizibone ngaphambili ebomini bam. Babengelogquba nje labantu abathanda ukwenza ingxolo eninzi. Babengelogquba labantu abahleliyo, abomileyo. Babengabantu abazaliswe nguMoya. Kwaye ndabonwabela obo budlelwane bumangalisayo. Kwaye xana sasi . . .

¹⁰⁷ Nje kanye ngaphambi kokuba ndithandazele abagulayo, baqalisa ukucula into ethile emnandi ngolo hlobo. Kwaye ndema, kwaye ndandimangalisiwe. Ndathi, “Kukho into ethile eyenzekayo apha. Andiqondi.” Ndaphulaphula kwakhona, kwaye ndeva iikwayala ezimbini. Ndathi, “Kumele ukuba kukho into ethile engalunganga.” Kwaye ndashukumisa intloko yam. Kwaye, ezindlebeni zam, kwakhona. Ndathi, “Owu Nkosi, mhlawumbi kukubuyela kwelizwi ukusuka kule kwayala *apha*.” Ndeva elinye phezulu *apha*, phezulu kakhulu, amaphahla aphakamileyo kakhulu. Ndathi, “Kumele ukuba kuphezulu phaya.” Ke ndaphuma emhadini wabalungiseleli, phezulu apha ukuya kwigumbi eliphezulu lekwayala. Yayiphaya phezulu.

Kwaye nda—ndathi kwinkosikazi yam, ndathi, “Ingaba uyayiva lonto, sthandwa?”

Yathi, “Yintoni leyo?”

“Dade u-Arganbright,” ndathi, “ingaba uyayiva lonto?”

Wathi, “Ewe. Ndakha ndayiva ngaphambili, ebomini bam.”

Ndaya ngaphaya kuMzalwana u-Arganbright, “Ingaba uyayiva lonto?”

“Ewe.”

¹⁰⁸ Wonke umntu ngeentloko zabo zithotyawe, becula. “Owu,” ndathi, “mhlawumbi . . . Ndi—ndifuna ukuqiniseka. Andifuni ukuba ngumthandabuzi, kodwa, Nkosi, ukuba ndilingqina Lakho, ukuba ndiya kuba ngumlindi, ndimelwe kukuba ndiyazi into endithetha malunga nayo. Ndimelwe kukuqiniseka ngako oku.”

109 Njengempiliso eNgcwele, ukuba andiqinisekanga, andisayi kuthetha nto malunga nayo. Ukuba andiqinisekanga ukuba oku kukuBuya kweNkosi, andisayi kuthetha nto malunga nako. Ndimelwe kukuqiniseka.

110 Ndabuyela ezantsi emhadini kwakhona. Wonke umntu ngeentloko zabo zithotyawe.

111 Kwaye nobizo lwasesiguqweni, abantu abaninzi babeka izandla zabo nxamnye nefestile, besiza kuKristu. Kwaye babecula. Xana ndafika ezantsi apha, ndathi, “Nkosi, ayinakuba njalo. Aba bantu abaculayo *apha* ezantsi bebengabantu nje abaqhelekileyo, kodwa oku *apha* phezulu bekuvakala kungathi bekungaba mbalwa... Mhlawumbi amawaka amabini okanye amathathu aculayo, *apha*, kodwa kukhangeleka ngokungathi kuyakubakho mhlawumbi ikhulu lamawaka *phaya* phezulu.” Kwaye yayilelinye lawona mazwi amnandi, isoprano ephakamileyo ngokwenene, njengamazwi wabafazi. Ndaphulaphula, kwaye nje ndangangcazela umzimba wonke.

112 Ndabuya umva nje kwakhona umzuzu nje. Ndaphulaphula. Ndenyukela, phezulu. Ndabuya, kuba baqhubeka becula bekuMoya. Ndaphulaphula kwakhona. Yayingelilo *elili* zwi. Ndandibeva *apha* ezantsi, olunye uhlobo lwezwi; kwaye eli *apha* phezulu, olunye uhlobo lwezwi.

113 Ke xana inkonzo yaphelayo, ndathi kumalusi, “Malusi, ndive into ethile engaqhelekanga.”

Wathi, “Yayiyintoni, Mzalwana uBranham?”

114 Ndathi, “Ndive a—amazwi esoprano yabafazi, ngamazwi aqeqeshwe ngendlela ephakamileyo, awona athandekayo endakha ndaweve ebomini bam, phezulu *phaya*.”

115 Wathi, “Awiwe amaxesha amaninzi apha, Mzalwana uBranham.”

116 Ndandifunde ngomama omdala...Owu, ndiyalilibala igama lakhe ngoku, owayedla ngokuthandazela abagulayo. Kwaye ngobunye ubusuku emveni kokuba umalusi eyivalile intshumayelo yakhe, umama omncinci wehla ukuya kuthandazela abagulayo. Wayenabantwana abahlanu okanye abathandathu abancinci, kunye naye. Kwaye wema yena waza waphulaphula phezulu. Kwaye nguNksk. UWoodworth-Etter, ukuba nonke nakha nayifunda incwadi yakhe. Kwaye weva, wathi, “Ikwayala iyacula ngaphezu kokucula okusebandleni.”

Emva kokuba amazwi eyekile, *apha* ezantsi, Isaqhubeka ngokucula, yabona. Kwaye ndema phaya.

117 Kwaye kanye ngoko, emva phaya emva kwesakhiwo... Yabona indlela enocwangco ngayo, igqibelele? Ngoku, ndi—ndiyakholwa ekuthetheni ngeelwimi. Ndiyakholwa ukuba sisibabalo sikaThixo, eso esisebandleni. Ndiyakholwa ukuba sisetyenziswe gwenxa njengokuba nezinye iZibhalo

zisetyenziswe gwenxa, kodwa sikho esenene. Ewe. Kwaye le ndoda yaphakama emva kwesakhiwo, emva phaya, yathetha malunga namagama amane okanye amahlanu ngolunye ulwimi. Hayi—hayi nje i . . . Yayiyi lu—lulwimi. Ubungeva. Wonke umntu wayezolile.

¹¹⁸ Kwaye Into ethile yahamba phezu kwam, andizange ndaba nokutolika, ebomini bam. Kwaye andizange ndikusebenzise ngoko, kuba ndandisoyika. Ezo zinto zezikaThixo. Kungcono ukuba ungadlaleli kuzo.

¹¹⁹ Kwaye Into ethile yathi kum, “Umalusi uya kuthandaza umthandazo wokholo.” Kwafuneka ukuba ndibambe umlomo wam uvalekile. Kwaye ndalinda. Kwaye Nantso isiza kwakhona, iliza lisiza ngapha, laza lathi, “Umalusi uya kuthandaza umthandazo wokholo.”

¹²⁰ Ndacinga, “Nkosi, andinazo izibabalo zokutolika. Okwam kukuthandazela abagulayo, ke andinazo izibabalo zokutolika.” Kwaye ndawuvala umlomo wam kwakhona ndaza ndema ngx.

¹²¹ Kwaye nje kanye ngoko umalusi waphakama waqalisa ukuthandazela abagulayo. Owu, UnguThixo! Ukugula kwaphiliswa, kuso sonke isakhiwo, kuyo yonke indawo. Ingaba yintoni leyo? Ukuphuma kwelanga. Kusekho isebe elincinane elisaseleyo. Musani ukuba nexhala. UThixo akazange abe ngaphandle kwengqina.

¹²² Ukuthembela ngoku ukuba imfihlakalo ethile enkulu, ndaweni ithile, mhlawumbi hayi ngezwi leNgelosi, kodwa into ethile iyakuvumela wonke umoni, ukuba kukho abanjalo kwesi sakhiwo, bazi ukuba ubusuku buya busiba mnyama ngokuba mnyama phezu komhlaba, nesithokothoko sobumnyama. Kodwa ukuBuya kweNkosi kusondele, yintoni ekwenzayo oko. Kwaye njengomlindi wenu, ndingathi, “Ukusa kuyeza.” Lungelani, makhwezi okusa, khazimlani!

¹²³ Bangaphi abayakufuna ukukhunjulwa kumthandazo wokuvala ngaphambi kokuba sihambe? Phakamisa nje isandla sakho.

¹²⁴ Thixo Othandekayo, Uyababona abantu njengokuba bephakamisa izandla zabo. Kwaye banyanisekile koku. Uninzi lwabo baphengulula amaphephandaba, baye baphengulula iintanda bulumko, iincwadi kunye namanqaku ezinto ezahlukeneyo, kodwa nangoko abanako ukufumana impendulo. Kodwa nantso isiza, ngale ntsasa, eBhayibhileni. “Ukusa kuyeza, kwanobusuku buyeza ngokunjalo.” Kwaye siyathandaza, Thixo, ukuba Uyakusikelele wonke umntu apha, abo baphakamise izandla zabo. Kwaye Uyazi ukuba yintoni na esemva kweso sandla esiphakanyisiweyo. Kwaye, Nkosi, ndiyakholwa ukuba kanye apho bahleli khona ngoku, ukuba uThixo okhoyo ezindaweni zonke unako ukubabela ilifa loMoya olo abalufunayo ngale yure. Nika elowo, Nkosi. Ngenxa yeLizwi

Lakho nomnqweno wabo, nedinga Lakho eliNgewele elo elingenakusilela, banga bangakufumana oko bakuphakamisele izandla zabo, njengokuba ndinikela lo mthandazo endaweni yabo. EGameni leNkosi uYesu, banga bangakwamkela oko. Amen.

UThixo abe nani.

¹²⁵ Ngoku sinexesha nje elincinci le . . . Ngoku siyakuthandazela abagulayo. Ndiyavuya kakhulu ukwazi ukuba likho ithemba ngenxa yabagulayo. “Ndiyi Nkosi Leyo ibuxolela bonke ubugwenxa bakho, Leyo iphilisa zonke izifo zakho.”

¹²⁶ Kwaye ndi, nje ngokungaqhelekanga njengoko kunjalo, ndiye ndashukunyiswa kwithuba elidlulileyo, kumama omncinci olele kulomandlalo wabagulayo. Kwaye yena u—ulixhoba lesifo somhlaza wegazi iHodgkin. Kwaye ndiyakholwa ukuba ngumama wakhe ohleli apha kunye naye. Ndiqinisekile. Ewe, kunjalo oko, ukuba lo mama wayendixelela ngomntwana wakhe, kwaye ndandizama ukumkhuthaza.

¹²⁷ Kwaye nje ukutsalelwa umnxeba, kananjalo, emveni kwalo myalezo. ndiziva ukuba usindiso luyinto yokuqala. Ukuphilisa kokwesibini. Ukuphiliswa kusenokuhlala kude kube sekupheleni kobomi bakho, iminyaka emininzi. Kusenokukunika ulonwabo kunye novuyo ngelithuba uselapha emhlabeni, kodwa kuya kupheza nokwakho . . . ekufeni kwakho. Kodwa umphefumlo lowo usindisiweyo, unoBomi obunguNaphakade. Awuyi kutshabalala, okanye akukho nto inokuze ibuthabathe kuwe. Bungenile eziNcwadini zikaThixo, ukuze buvuswe ngemihla yokugqibela. Into enkulu yinto yokuqala, “Kuqala, ubuKumkani bukaThixo nobulungisa Bakhe, ezinye izinto ziya kongezelelwa.”

¹²⁸ Ndingathanda nje ukunika ubungqina obunye bokuphiliswa kwesi sifo sibi eso lo mfazi uselula abandezelwayo siso. Kwaye kwakukho kwixesha elithile eladlulayo . . . Basenokuba bakhona apha ngale ntsasa. Andikho apha rhoqo ukuze ndazi ukuba ubani ngubani. Abaninzi benu andibazi. Kodwa kwakukho intombazana encinci apha kwisikolo sethu samabanga aphakamileyo. Kwaye wayebandezelekile sesi sifo iHodgkin yomhlaza wegazi, waze wasiwa kugqirha, wala maqhuma makhulu aphuma kuye. Baze bathabatha iqhekeza leqhuma balithumela, ukuze bafumanise ukuba laliyintoni na. Kwaye labuya, “Isifo somhlaza wegazi iHodgkin esinganyangekiyo.”

¹²⁹ Kwaye umama wayengafuni ukuba umntwana ayazi ukuba yayiyintoni inkathazo yakhe. Kwaye oogqirha bacebisa umama ukuba amyeke nje aqhubeke ukuya esikolweni, ngokuba wayeneentsuku nje ezininzi kangako ukuba aphile. Ekugqibeleni waphuma entliziyweni. Kwaye isifo seHodgkin ngumhlaza, siyayazi loo nto, kwimo. Ke bayithumela i—intombazana encinci yabuyela esikolweni, ukuyiyeka ukuba ife.

¹³⁰ Unina wayekhathazekile. Kwaye wanditsalela umnxeba, waza wathi, “Ndifuna ukumzisa. Kodwa ndiyaqonda, Mzalwana uBranham, ukuba kwimigca yakho yokuthandazela, amaxesha amaninzi, ubiza izifo xana unempembelelo yoMoya.” Wathi, “Ingaba ungabanobubele kangako, ukuba uMoya oyiNgcwele utyhila nantoni na malunga nomntwana, hayi ukuyithetha?”

¹³¹ “Ke,” ndathi, “Andiqondi ukuba Uyakukutyhila oko, ukuba Akazange afune ukuba oko kwaziwe.” Ndathi, “Andifane ndicinge njalo. Kwaye kongowam umnquba apha, kundingabele ukuba ndibe naloo mihlangano yolohlobo.” Ndathi, “Ndithandazela nje abagulayo.”

¹³² Kwaye inenekazi eliselula langena emgceni. Kwaye ndabuza umama, “Ingaba ungumKristu?”

Wathi, “Hayi.”

Ndathi, “Ingaba intombazana ingumKristu?”

“Hayi.”

¹³³ Ndathi, “Leyo yindlela eyoyikekayo yokuphuma ehlabathini.” Ndaza ndathi, “Awusayi kuphinda umbone kwakhona, ukuba uhamba ekuloo meko.”

¹³⁴ Ke xana inenekazi eliselula lenyuka langena egumbini ngaloo ntsasa...Kwaye ladhula kanye ngakule ndawo inye apho intombazana eselula yayithandazelwe khona; ke intombazana iya kuba njalo, emizuzwini nje embalwa. Ndambuza. Ndandimazi. Kwaye ndathi, “Ingaba ulinenekazi elisuka kwisikolo samabanga aphakamileyo apha?”

Lathi, “Ndililo.”

Ndathi, “Ingaba uyasiqonda isigulo sakho?”

¹³⁵ Lathi, “Oogqirha bandixelele ukuba bacinga ukuba ndiya kulunga.”

¹³⁶ “Ke,” ndathi, “kuthekeni ukuba awulunganga? Ingaba ungumKristu?”

Lathi, “Hayi, mhlekazi. Andinguye.”

Ndathi, “Ingaba ungathanda ukuba ngumKristu?”

Lathi, “Ndingathanda.”

¹³⁷ Kwaye ndathi, “Ingaba ungayinikela intliziyo yakho kuKristu?” Kwaye lathi liya kwenza njalo. Waza umama walo wabaleka wanyuka wathi naye uya kwenza njalo. Ntoleyo, endababhaptiza bobabini kanye apha equleni. Ndayithandazela intombazana eselula.

¹³⁸ Kwaye ixesha laqhubeka. Kwaza ekugqibeleni intombazana yaqalisa ukuba ngcono, emveni kweentsuku ezimbalwa, yona ingazi ukuba yayiyintoni engalunganga. Kwaye emva kwethutyana, bayibuyisela kwakhona ukuya kuxilongwa,

kwaye abazange bafumane nomkhondo wawo, konke konke. Kukho i . . .

¹³⁹ Andithandi ukuthetha izinto ezizindumbisa ngabantu, kodwa ndithanda ukuba ndinyaniseke malunga nabantu. Kukho indoda kwesi sixeko, leyo eyaziwayo kakuhle, kwaye umzalwana olungileyo ongumKristu, okanye ubengayi kuba lidikoni leli bandla . . . Ndithetha, ithenjwa lebandla. Kwaye ukhona ngoku. Kwaye wasuka wathabathela kuye ukuziphendulela ngaloo ntombazana. Kwaba yiminyaka kamva, emibini okanye emithathu iminyaka kamva, inenekazi eliselula laligqibile ukufunda kwalo kwaye lalihamba nenkwenkwe.

¹⁴⁰ Kwaye ndahlangana nalo esitratweni ngenye imini, kwaye lona lalivuye kakhulu, kwaye langqina kuzuko namandla kaYesu Kristu, emva kokuba babemxelele ukuba yayiyintoni na. Intombazana itshatile. Inabantwana. Kwaye iphila ngolonwabo.

¹⁴¹ Kwaye uyise uza kwindawo yoshishino yale ndoda, ukuza kuceba iinwele zakhe. Kwaye uMnu. Egan apha, owaye—owaye gcine umba ngalo lonke ixesha. Kwaye intombazana iphile kakuhle kwaye iphilile. Kwaye elo kube lixesha elingakanani, Mzalwana u-Egan? Kwiminyaka emininzi eyadlulayo, akunjalo? [UMzalwana u-Egan uthi, “Emine, emihlanu, kwiminyaka emithandathu eyadlulayo.”—Mhl.] Kwaye liyaphila namhlanje, kubungqina bokuba uThixo uyasiphilisa isifo seHodgkin umhlaza wegazi.

¹⁴² Owu, kulunge kakhulu ukwazi, ukuba ngeeyure zonzunguphalo, ukuba sinegwiba. Eloo gwiba nguKristu.

¹⁴³ Ndifuna ukunika ingxelo nje ukwenzela i . . . kuni nonke, into ethile encinci emhlanganweni, leyo nje esandula ukwenzeka. INkosi iyeyalunga kakhulu ekuphenduleni imithandazo yenu nonke, njengokuba bendisiya eNtshona emhlanganweni kanye ngoku, kwiiveki ezimbalwa ezidlulileyo, iiveki ezimbini. Kwaye ngelithuba sasiseTulsa, engqungqutheleni, ndandiya ku . . . ndandingayi kuthetha, ngokuba . . . Ndandiya kuba nomhlangano phaya. Kodwa abalungiseleli babenezinye invuselelo ezaziqhubeka, ke ndandingayi kuba nomhlangano ngelo xesha. Kodwa ndadlula, ukuya kuthabatha uMzalwana u-Arganbright, ukuze ndimse eCalifornia; inkosikazi kunye nam, noJoseph omncinci.

¹⁴⁴ Kwaye ngobo busuku, xana safikayo emva kwexesha, ndaqonda ukuba u-Oral Roberts noTommy Osborn babeya kushumayela ngobo busuku. Ke uMzalwana u-Arganbright watsalela umnxeba kwiihotele wade wafumana apho sasikhona, kwaye wathi, “Yihla uze kumhlangano.” Ke weza ngapha, yena noMzalwana uSonmore, aMadoda angooSomashishini bamaKristu, intloko yesahluko eMinneapolis. Bona—bona beza ngapha kum.

145 Kwaye ndangena, kwaye babesele benesidlo sangokuhlwa, kwi—kwindawo yokudlala kaMayo, indawo enkulu. Osozigidi ezininzi behleli phaya. Kwaye ke niyazi ukuba bendiyakuziva njani ukuya kungena endaweni elolo hlobo. Andizange nkqu ndazi nendlela yokusebenzisa iimela neefolokhwe ababenazo etafileni. Kodwa ndangena.

146 Kwaye ngelithuba ndingenayo, u-Oral Roberts wayeshumayela. Kwaye wayeshumayela ngentabalala yobomi, intabalala, kwaye exelela aMadoda angooSomashishini abangamaKristu, ukuba, “UYesu wabambisa iintlanzi, wazifaka emnatheni, waza waba nezingakumbi kunokuba babe—babenokuzibenzisa.” Kwaye uMzalwana uRoberts sisithethi esinuzamandla, njengokuba nisazi. Kwaye wathi, “Kukho okuninzi kumntu wonke.” Waza wathi, “Ngoku, ndakha i—itempile ngapha, mhlawumbi ixabisa izigidi zeedola.” Wathi, “Yakhiwa ngebhastile elimhlophe.” Kwaye wathi, “Ndiyenze malunga nesiqingatha ukunyuka, kwaye ndiphelelwe yimali.” Kwaye wathi, “Ngoko ndawelela ngaphaya kwesitrato ngenye imini, ukuya kuyikhangela, waza umtyholi wathi, ‘Uyazi yintoni? Abantu baya kudlula bathi, ‘Yiloo nto u-Oral Roberts ayenzileyo.’”

147 Wathi, “Ngoko ndathi kumtyholi, ‘Kodwa kuyakufuneka bathi, ‘U-Oral Roberts uzamile.’” Oko kulungile. Kwaye wathi, “Ngoko bekubekekile entliziyweni yomgcini bhanki, apha esixekweni, lowo owakha wandiboleka ngaphaya, phantse, izigidi ezimbini zeedola ebhankini, ukugqibezela isakhiwo.” Ibhanki azikwenzi oko. Niyakwazi oko.

148 Waze wathi, “Laa somashishini uthile, usobhanki, uhleli apha ngoku.” Wathi, “Andifuni kulibiza igama lakhe, ngokuba akangowabantu befull Gospel ngokuchanekileyo. Kodwa,” wathi, “ulapha.” Waza wathi, “A—andiqondi nokuba nkqu unamabango wokuba ungumKristu. Kodwa,” wathi, “into ethile iyeyashukumisa intliziyo yakhe, waza wandivumela ukufumana imali.” Wathi, “Ukuba uyafuna ukuphakama,” wathi, “angenza njalo, kodwa andiyi kuyibangela ntloni indoda.”

149 Indoda yaphakama, yathi, “Andinazintloni, Mnu. Roberts,” yaza yahlala phantsi.

150 Ngoko ndangena, ndaza ndahlala phantsi. Ngoko uMzalwana uRoberts, njewakuba egqibile, weza ngapha waza wabambana nam izandla, wanditsalela ezingalweni zakhe. Kwaye nje imizuzu embalwa, ngoko, kakade, abantu abaninzi beza ngenxa zonke, uyazi, bethetha ngelithuba sisatya, kwaye befuna imihlangano na njalo njalo, nabalungiseleli.

151 Kwaye emva koko uDemos Shakarian waphakama. Ungumongameli wesahluko saMadoda angooSomashishini beFull Gospel. Kwaye waphakama waza wathi, “Uyazi, ndiziva

nje ndikhokelwa ukuba uMzalwana uBranham asishumayecele, ngokuhlwanje, umyalezo wokugqibela.”

¹⁵² Ke, andizange ndazi ukuba mandithini na. Waze waqalisa ukubalisa ngamadoda ngoko ahleli apha, wathi, “Apha uNjena-nje. Ndidibene naye namhlanje.” Bebendixelela ukuba ngabanini ngokupheleleyo bezi ezintathu okanye ezine iiblokhi zesixeko zakwaMiracle Mile’s. Oosozigidi ezininzi kunye nabafuyi beenkomo, na njalo njalo, kwaye yintoni ebendinokuyithetha emhlanganweni ololo hlobo?

¹⁵³ Kodwa, uyazi, kusoloko kungcono ukuthobela. Ke ndaphakama ukuba ndithethe okungcono oko ndinako. Kwaye ekupheleni kwenkonzo...Konke kungaphandle kolungelelwano ukunika ubizo lwasesiguqweni endaweni elolo hlobo. Kodwa, uyazi, ndiye ndenza ukubizela eziguqweni kwiinkonzo zomngcwabo. Ke ndacinga, “Nali ithuba elilungileyo.” Kwaye nde—ndenza ubizo lwasesiguqweni. Kwaye onke loo madoda azizityebi nabafazi beza eNkosini uYesu, baza bazinikela iintliziyo zabo eNkosini.

¹⁵⁴ Ndandimangaliswe ngomnye usozigidi, inkosikazi kasozigidi ezininzi ngomnqwazi omncinci, onentsiba ezintle ezantsi ezijikele ecaleni, mhlawumbi wawuxabise ikhulu leedola. Kwaye iinyembezi zisihla ezidleleni zayo. Yona yandibamba ngesandla, yathi, “Mzalwana uBranham, intliziyo yam ichukumisekile.” Yathi, “Bendicinga ukuba ndingumKristu, kude kube ngoku.” Yathi, “Ndifuna ukukhonza iNkosi.”

Kwaye ndathi, “Enkosi.”

¹⁵⁵ Kwaye ngoko emizuzwini nje embalwa, Into ethile yathi kum, “Thandazela abagulayo ngoku.”

¹⁵⁶ Ndacinga, “Oh, hayi. Andinakuyenza loo nto. Ndisele ndiyiphazamisile...le ndawo inkulu igumbi lomdaniso. Ke ukuba ndithandazela abagulayo, bayakucinga ukuba ngenene ndingoyibaxayo.” Ke ndaye ndacinga, “Ngokuqinisekileyo iNkosi ibingayi kundixelela loo nto. Mhlawumbi ndithwalekile ngenxa yezi nguquko, ke ndiya kunyebelezela ndihlale phantsi.”

¹⁵⁷ Ndaze ndehla ngetafile yesithethi, ukuya ezantsi kwesona siphelo, kwaye ndahlala phantsi noMzalwana uJack Moore, ndandihleli phaya, ndithetha. Ndaza ndayibuyisela inkonzo kumongameli, uMnu. Shakarian.

¹⁵⁸ Ngoko xana e—ephakamayo, waza wathi, “Niyazi yintoni?” Owu, uThixo umele ukuba wamchukumisa egxalabeni. Wathi, “Ndiziva ndikhokelwa ukuba sibe noMzalwana uBranham abuye athandazele abagulayo.”

Ndacinga, “Owu, nje ngokuchanekileyo kanye.”

¹⁵⁹ Kwaye ndaphakama ndaze ndabaxelela. Kwaye ndathi, “Ndikuvile oko. Kwaye ndathandaza uThixo andixolele. Kodwa

kungcono xana umntu othile echukunyisiwe, naye, uyazi, kusenze sazi sisonke ukuba kukusebenza koMoya.”

¹⁶⁰ Ke ndathi, “Ngoku, impiliso eNgwele ayikokuchukumisa isibonda somthi oxozweyo. Akuyonto nje ithile leyo icingelwayo. Ikwa nguloo Thixo mnye lowo usindise bonke aba bantu apha kwithutyana nje elidlulileyo. Usekwa nguThixo omnye lowo uphilisa bonke abantu abalapha, nje ngokholo olulula lokukholwa kuYe.” Ndathi, “Ingaba niyakukholwa oko?”

¹⁶¹ Kwaye ngoku kwimfihlelo, kwibandla lam. Njengokuba nisazi, ulungiselelo lwam luyatshintsha, kwaye, owu, olunjani lona ukuzuka utshintsho! Owu! Nonke nikhumbula aMazwi lawo ebenkenteza. Kwaye ngalo lonke ixesha isenzeka, into ethile iyenzeka, xana ndingena phakathi ukuba ndithethe ngaloo nto, yeza—yeza kum, “Thetha kule ntaba.” Kutheni ukuze kube njalo? Kube lukholo. Nantoni na ingokholo. Ukholo akuyonto ithile leyo uyenzayo. Ukholo yinto ethile leyo unayo.

¹⁶² Kwaye ndacinga, “Ukuba...Ndandisoloko ndinentloni ngokholo lwam, ngabantu, njengokuba yayilungile iNkosi ngokunjalo.”

¹⁶³ Iyeyabonisa izinto, yaxela imibono. Yonke into ibigqibelele. Nina bantu niyayazi loo nto. Ayingomntu ngamnye. Ayingomntu. NguThixo lowo ukwenzayo oko.

Kwaye lo mfanekiso *apha*, indlela oye ngayo kwihlabathi!

Abo abaseJamani!

¹⁶⁴ Kwaye apha kwiiveki ezimbalwa ezidlulileyo, mhlawumbi abasemzini apha abazange bawubone, baye babamba omnye. Ndinawo ekhaya. Sisichazi ngeNkosi uYesu imi kanye emva kwale ndawo apho ndandimi khona. Kwaye izandla zaYo ziphumile, kwaye iilwimi zoMlilo zibhabha zisuka esandleni saYo, ngelithuba ndandithetha ngesihloko, “Yithi kule ntaba, ‘Funquleka,’ kwaye ungathandabuzi entliziyweni yakho, kodwa ukholwe.” Kwaye sinawo. UkwiTechni... Kwimibala yeKodachrome. Kwaye banawo ekhaya ngoku. Kwaye bayawenza...Uhloliwe ngoku yinzululwazi, na njalo njalo, neelaboratri. Uya kube uphumile kwakamsinyane, omnye, owenza emalunga nesithandathu ngoku kwiindawo ezahlukeneyo, ezo zithatyathweyo.

¹⁶⁵ Lo ngowona ubalaseleyo kuyo yonke, ongazange ubonwe. Nantso eyaYo—eyaYo Iintshebe, ubuso baYo, isichazi saYo, iingalo zaYo zijinga ngaphandle. Kwaye ndandimi kanye ngaphakathi ngolu *hlobo*, kwaye apho Yayineengalo zaYo khona, awunako nokubona indawo yam, ngolo hlobo; intloko yam, emva koko iinyawo zam phantsi emgangathweni, nje intloko neenyawo, yiloo nto kuphela eyayisele. Yabona? Kwaye I—kwaye Imi neengalo zaYo ziphumile ngolu *hlobo*. Kwaye ndazikhuphela ngaphandle izandla zam ngolu *hlobo*, ndishumayela, ndisithi,

“Yitsho kule ntaba.” Kwaye malunga neloo xesha, into ethile yenzeka. [UMzalwana uBranham uqhwa-krazisa iminwe yakhe—Mhl.] Kwaye bathabatha umfanekiso waYo ngolo hlobo. Kwaye nanko apho Wawukhona, ngasemva, wonke ngemibala. Kwaye nenkulu, ke njengoko uThixo elungiselela, ingobozi enkulu yeenyibiba ze calla ihleli kufutshane.

¹⁶⁶ UyiNyibiba yeNtlambo. Kwaye nisifumana phi isiyobisi se-opium? Ukuphuma kwiinyibiba. Kunjalo oko. Sesiphi isiyobisi se-Opium uThixo anaso? Uxolo. Isiyobisi i-opium sikwenza nje ulibale malunga neenkathazo zakho zonke. Abatshayi besiyobisi i-opium, yiloo ndlela abazibulala ngayo ngeso siyobisi se-opium. UThixo unesiyobisi i-Opium. Amen. Uthomalalisa zonke iintlungu, uphilisa konke ukugula, ususa lonke ixhala. Okoko nje siphefumla kwisiyobisi se-Opium Yakhe, siseluxolweni.

¹⁶⁷ Kwaye ingobozi enkulu yeenyibiba ihleli kanye ngaphambili, apho ndandithetha khona, eqongeni.

¹⁶⁸ Kwaye ndathandazela abagulayo, phaya eTulsa, ndaza ndahamba ndehla kwaye ndaphumela ngaphandle. Kwaye malunga nemizuzu elishumi kamva . . .

¹⁶⁹ Andinakufuna ukubiza igama lomvangeli. Kodwa umfazi lowo owayenesifo samathambo emqolo, lowo wayesebenzela lo mvangeli, waye ngumquli ntentho ngokushwathela. Kwaye kwafuneka ukuba achwetheze ngolu *hlobo*, kuba iingalo namagxa akhe zazibotshiwe. Wayechwetheza ngolo *hlobo*. Kwaye lo—lo mvangeli mkhulu kwaye udumileyo phaya eTulsa, wayenomqeshwa wakhe emsebenzini wakhe, ukuba amnike umsebenzi.

¹⁷⁰ Waza waqalisa ukuhamba esihla ngehlo. Kwaye ngeqbuliso iingalo zakhe zakhululeka, kwaye waqalisa ukuxhuma kwaye wakhwaza, wade watsala umdla wakhe wonke umntu phaya phezulu. Kwaye loo mfazi uthandekayo esiwa emadolweni akhe, kwaye ephakamisa izandla zakhe eziqhwaba ngolo *hlobo*. [UMzalwana uBranham uqhwa-ba izandla zakhe—Mhl.] Uzuko lukaThixo, ngokuba uThixo wayemkhulule, kwimizuzwana nje embalwa emva komthandazo.

¹⁷¹ Kwaye ndanyebelezela ndangena, ukuphulaphula kwaye ndibone ukuba wayesithini na. Wathi, “Bendihamba ndisihla nje ngehlo.”

Kwaye ndathi, “Ke, makubulelwe kuThixo.”

¹⁷² Kwaye ndajika, ndaqalisa ukuhamba ngenye indlela. Ndaza ndeva, ezantsi phaya, ndabona bonke aboni bebaleka kunye, ukuze babone ukuba yayiyintoni na ingxaki. Kwaye apha yayiyindoda ithabatha umgangatho, uMzalwana uGardner, kwaloo ndoda inye eyandinika le suti.

¹⁷³ Abaninzi benu bayamazi uMzalwana uGardner. UMzalwana uGardner, eBinghamton, eNew York, umthengisi obalaseleyo

we-Oldsmobile kwiminyaka emithathu edlulileyo, wathengisa iinqwelo mafutha ezininzi ze-Oldsmobile kunayo nayiphi na enye indoda e-United States. Kwaye ubhabha ngenqwelomoya yabucala. Kwaye kancinci ngaphaya konyaka odlulileyo... Igama lakhe nguGeorge Gardner. Kwaye yena...

¹⁷⁴ Umqhubi wenqwelomoya wakhe, ngokwakhe, wayeyedwa, waza waza kwaye, inqwelomoya, yaza yagqabhuza amadolo akhe, namaqatha akhe. Kwaye imilenze yakhe kunye neenyawo zakhe zaziqinile, kwaye wayehamba ngolu *hlobo*, umqhubi wenqwelomoya wakhe.

¹⁷⁵ Kwaye wayekho xana umthandazo wawusenziwa, kwaye wazikhupha ngokwakhe ngaphandle kweholo apho isidlo sasikhona. Kwaye babemfumele igumbi elikufutshane, kananjalo, ukuze angabi nangxaki yokuhamba esiya emva naphambili. Kwaye apha yayibubungqina bakhe. Waya egumbini lakhe waza wahlala phantsi; ekubeni engenguye nkqu nomKristu. Kwaye wathi, "Ngandlela ithile engenye, ndiyamkholwa laa mfo mncinci unempandla lowa ubeshumayela phaya phezulu ngokuhlwanje." Kwaye wathi waqalisa ukuqaphela iinzwane zakhe ziqalisa ukungcangcazela. Waza waxhuma wema ngeenyawo zakhe, yonke into iphilile.

¹⁷⁶ Emi phandle phaya, ezukisa uThixo, emile, ephakamisa imilenze yakhe ukunyuka nokuhla ngolo *hlobo*, kwaye emacaleni eenyawo zakhe nayo yonke into, nje engqinela uzuko lukaThixo.

¹⁷⁷ Kwakhona, ngaphambi kokuba sithandazele abagulayo. Ndandihlala noMzalwana u-Arganbright. Kwaye umhlobo wam olungileyo, uLeo noGene, bayayazi ukuba iyintoni iminxeba engenayo. Kukhale umnxeba, aze uMzalwana u-Arganbright aphenyule. Kwaye, uyazi, awukwazi ukuba kuyo yonke indawo. Kodwa, kwenzeka ukuba, ukuba ndiwuphakamise umnxeba.

¹⁷⁸ Ndiyakholelwa ukuba yonke into isebenza ngandlela kaThixo yokubonelela. Ingaba anikukholwa oko? Ndiyakholelwa ukuba kungenxa yoko eli nenekazi liselula lilapha. Ndiyakholelwa ukuba kungenxa yoko nonke nilapha. Ndiyakholelwa ukuba kungenxa yoko ndilapha, ukuba sihlalane kunye ukwenzela uzuko lukaThixo, ngesizathu esithile. Kutheni lento size ngapha kwimihlaba enomkhenkce, ukuba sibe lapha ngale ntsasa?

¹⁷⁹ Ke ndawuphakamisa umnxeba, kuba uMzalwana u-Arganbright wayengekho egumbini. Kwaye wathi, "Ndingathanda ukuthetha kuMzalwana uBranham."

Ndathi, "NdinguMzalwana uBranham."

¹⁸⁰ Wayeyindoda engumSpanish. Yathi, "Mhlekezi, ndiyazi ukuba akukho ngqiqweni, phantse, ukuba ndibuze umbuzo endiya kuwubuzi." Yathi, "Ndiyayithelekelela indlela abantu abatsala ngayo, na njalo njalo. Kodwa," yathi, "Ndingummishinari eMexico." Kwaye yathi, "Emva apha phezulu, ndiphila apha eLa Crescenta. Kwaye

ndisandula kufunda, kwiiyure ezimbalwa ezidlulileyo, ukuba ubusesixekweni.” Kwaye yathi, “Ndibuyise usana lwam kwakhona, ukuzama ukuluzisa kuwe okanye kuMzalwana uRoberts, okanye abanye babazalwana abathandazela abagulayo.” Yaza yathi, “Ekubeni kulusana lwam, ukholo lwam, ndiyaqikelela, luye nje lwabuthakathaka kancinci.” Yathi, “Usana lwam alukabi neenyanga ezine ubudala nangoku kwaye luyafa ngumhlaza.”

Kwaye Into ethile yathi kum, “Yiya kolwa sana.”

¹⁸¹ “Ke,” ndathi, “mhlekazi, ndiyakufumana uMzalwana u-Arganbright, kwaye umxelele apho usana lukhoyo, ndiya kuhlanguana nawe.” Ke wafumana . . . Ndafumana uMzalwana u-Arganbright, yaza yamxelela.

¹⁸² Ke sangena kwinqwelo mafutha sehla. Ndaza ndadibana nonkosikazi wayo omncinci. Kwaye yona ekubeni ingumMexico, nangona yayingakhangeleki njalo. Yayinolusu olumhlophe, ilungile, kodwa yayingumMexico. Nto leyo, abantu baseMexico, amaxesha amaninzi, bagwangqa, ngokuba beza phakathi kwamaSpanish namaNdiya. Kwaye kukho amanye aloo maNdiya anobugwangqa nje, amhlophe qhwa. Kwaye inkosikazi yayo yayingumFinnish, igwangqa ngokungqongqo, oyena mfazi mncinci uthandekayo.

¹⁸³ Kwaye ndaya esibhedlele nayo, ukuya kubona usana lwayo. Xana ndangenayo egumbini, babelubeke kanye kufutshane nekomkhulu labongikazi. Kuba, usana oluncinci, okwangoku nje luseneenyanga ezine ubudala, kwaye laluzelwe lunamathumba abuhlungu emihlathini, lawo ayedumbe aphuma malunga *nakangako* ukusuka ebusweni balo, ngolo *hlobo*, nje ngaphandle ngolo hlobo. Kwaye oogqirha babezamide ukulutyaanda. Kwaye amanxeba amakhulu anzulu ayesikwe ngenxa zonke emqaleni walo omncinci, yonke indawo ukujikela. Akazange ayeke; kuphela abalekela phezulu elwimini lwalo. Kwaye imihlathi emincinci ijinga ngolo *hlobo*, kunye namanxeba amakhulu anzulu. Kunye nolwimi lwalo oluncinci . . . Umlomo omncinci ungagqithisi *obo* bukhulu. Kwaye ulwimi lwalo, mhlawumbi *obo* ubukhulu, ludumbile, lutyhalele ngaphandle malunga *nakangako*, lwajika lwaba mnyama. Kwaye kuvala ukuphefumla kweempumlo ukuhla, xana lwadumba umphezulu womlomo walo. Kwaye kakade, kunqamla ukuphefumla kwalo, ukusuka *apha*. Kwafuneka ukuba basike umngxuma emqaleni walo. Kwaye babenempempe encinci yencinci . . . enjengenkonxa encinci engqukuva emqaleni walo. Kwaye iingalo zalo ezincinci zazirhintyelwe, ngolu *hlobo*, ukuze lungakwazi ukufikelela ukuba lutsale lukhuphe loo mpempe; lwaluya kuminxeka. Kwaye umhlaza, wawukhupha, kwaye umongikazi kwafuneka ukuba eme phaya ngento ethile yokutsala ukukhupha komhlaza kuphume kwimpempe, okanye bekuya kuluminxa lufe.

184 Waza utata wahamba wajikela ecaleni kwebhedi, waza wathi, “Ricky, nkwenkwe encinci katata!” Wathi, “UTata uzise uMzalwana uBranham ukuba akuthandazele, Ricky.”

185 Xana wathi, “Inkwenkwe katata encinci,” umoya wam wasuka wandishiya. Andizange nje ndikwazi ukunyamezela kwakhona. Kwafuneka nje ndibambebele ecaleni kwebhedi. “Inkwenkwe katata encinci.” Kwaye umfo omncinci, nangona wayesemtsha njengoko wayenjalo, wayesazi ukuba yayinguyise walo. Lwaza lwaqalisa ukutswina ngolo hlobo, neengalo zalo ezincinci ngolo hlobo. Kwaye yona izama ukumbambatha umfo omncinci entloko. Usana oluncinci olulusizana, luzelwe kuloo meko. Andizange ndikwazi ukuthetha. Nje ndi. . . Uyazi, usuka nje ugcwale kakhulu, awunako nje ukuthetha kwanto.

186 Ndakhangela phantsi, ndazibona ezozandlana zincinci ziphuma phantsi kwaloo mirhintyelo mikhulu. [UMzalwana uBranham wenza ingxolo etswinayo—Mhl.] Kwaye lusena ingxolo etswinayo. Kwaye ndacinga, “Ingaba akuyonto elusizi leyo!”

187 Kwaye emvani kokuba ndiluhlobo lokubuya kum, ngokwaneleyo ukuba ndicinge into ethile, Ndacinga, “Yesu, uthetha ukuba Wena Uyayoliswa kukubona okuphuma koko? Andinakuyikholwa. Andikholwa nje ukuba Ufumana uzuko ukuphuma koloo sana luncinci lubandezekileyo ngolo hlobo. Ayinakuba njalo. Ukuba indenza mna, moni, ndizive ngokungathi ndiyenza koloo sana, lonto inokwenza ntoni na kuWe, butyebi benceba yonke? Kumele ukuba kwenze ntoni kuWe?” Kwaye bendikathethi mazwi okwangoku.

188 Yayizama ukudlala nalo, ukulwenza luzole. Kwaye umzimba walo omncinci onxibe inapukeni elincinci kuwo, nje malunga. . . Umzimba omncinci, kuphelele apho, hayi ngaphezu *kobo* bukhulu. Kwaye intloko yalo yayiyeyona nxalenye inkulu kakhulu, umhlathi walo udumbe kakhulu. Kwaye babenento ethile ejikeleze intloko yalo, ukugcina intloko yalo encinci ukuba ingagqabhuki. Uyazi, ilaphu; imihlathi yalo yayidumbe kakhulu, iphumile ngolo *hlobo*, ukuyigcina ukuba ingagqabhuki. Kwaye umongikazi wayemi phaya.

189 Kwaye ndakhangela phantsi kumfo omncinci, ndaza ndacinga, “Nkosi, yintoni Ubuyakuyenza ukuba Ubumi apha?”

190 Ngoku, ndiyaqonda ukuba ndisepulpitini. Kwaye ndiyaqonda ukuba uThixo ukho apha. Kodwa kwabonakala kum ngathi Into ethile yathetha ezantsi emphefumleni wam, kwaye yathi, “Ndilinde ukubona ukuba uya kwenza ntoni malunga nalo. Ndilnike kwiBandla igunya laM.” Phaya ubuya umva kwakhona uku, “Thi kule ntaba.” “Ndilnike iBandla igunya laM, kwaye Ndilindele ukubona ukuba uya kwenza ntoni na.”

191 Ndiyazibuza ukuba oko kukuzimisela Kwakhe ngokubhekisele kuthi ngalo lonke ixesha na, ukuba Ulindele ukubona ukuba yintoni esiya kuyenza na. Kuthekani ngemiqondiso yexesha esisandula nje ukushumayela ngayo? Wayeya Kwenza ntoni na? Ulindele ukubona ukuba yintoni esiya kuyenza.

192 Ke, ndafaka isandla esincinci sosana kwesam, nje eminweni yam, ngolo *hlobo*. Sasisincinci ngolona hlobo. Kwaye ndathi, “Nkosi, wuve umthandazo womkhonzi Wakho. Kwaye ngokholo, ukuba ndiyakholwa ukuba Ukho, ndibeka phakathi kwale dimoni yomhlaza nobomi bosana, iGazi likaYesu Kristu. Phakathi kombulali nosana, iGazi, ngokholo ndibeka oko.” Kwaye ndandingena kuthetha eyenye into.

193 Nje ndasuka ndajika kwaye ndaphuma. Utata wandilandela. Wathi, “Mzalwana uBranham, iNkosi ibeke entliziyweni yam ukuba ndikunike izishumi ezithile.”

194 “Owu,” ndathi, “mzalwana, musa ukucinga ngaloo nto. Hayi.” Ndathi, “Andiyidingi imali, mzalwana.”

195 Wathi, “Kodwa ndagcina izishumi ezithile.” Owu, imali encinci, ndiyalibala ngoku nje ngokuchanekileyo, ndiyakholwa malunga namashumi amahlanu eedola. Wathi, “INkosi ikubekile oko entliziyweni yam ukuba ndikunike sona.”

196 Ndathi, “Ndiya kukuxelela ukuba yintoni. Ndiyakusamkela, uze ke usijike usinike uRicky omncinane ngaphaya, kwelakhe—kwelakhe ityala lasesibhedlele. Kuba, ungumshumayeli. Ndiyazi ukuba iyintoni na, ukuba imali ithetha ntoni na. Kwaye wena, ummishinari, kwaye ndiyazi ukuba oko kuthabatha imali. Kwaye unosapho, nawo onke la matyala kagqirha. Yibeke kanye kwakhona kwityala likaRicky omncinci.”

197 Wathi, “Andifuni kuyenza loo nto, Mzalwana uBranham. Akusiso esokuhlawula oogqirha. Sesokuhlawula abalungiseleli.”

198 Kwaye ndathi, “Ewe, kodwa ndisibuyisela kuwe.” Kwaye ndasala.

199 Ndaza ndenyuka ndaya endlwini, kwaye malunga neeyure ezimbalwa, loo imihlathi yehla, kwaye ulwimi lwalo lwabuyela endaweni yalo. UThixo wamphilisa umfo omncinane. Babesusa impempe ngentsasa leyo endandihamba ngayo, beyikhupha emqaleni walo.

200 Oko kwalothusa lonke uNxxweme lwaseNtshona. Ugqirha odumileyo wathumela unyana wakhe, kunye nomzukulwana wakhe. Kwaye banqumla indlela, kude ngaphaya, amashumi amane okanye amashumi amahlanu eemayile ngaphaya, ePasadena, baza bayinqumla indlela apho ndandiya kudlula khona, ukuthandazela olwa sana olunenkantsi ebuchotsheni. Babeye balunika ipenicillin, yaze yabangela ukuba umhlaza

uphume kwiziphumo zepenicillin esinqeni salo. Kwaye ndiqinisekile ukuba iNkosi yaluphilisa.

²⁰¹ Nje ngaphambi kokuba ndiphume endlwini, umnxeba wakhala, waqhubeka ukhala. UMzalwana u-Arganbright, ndamva ephikisana nomntu othile, wathi, “Hayi, andinakuyenza loo nto.”

²⁰² Kanye njengokuba ndandingena kwinqwelo mafutha, kwabakho i—istation wagon esincinci esasiqhutywa sinyuka. Yayingubani ngaphandle komzalwana omncinci womMexico nonkosikazi wakhe! Bobabini belila nje bedumisa uThixo. Wathi, “Mzalwana uBranham, ndizise ezi zishumi kuwe.”

²⁰³ “Owu,” Ndathi, “mzalwana, andinako ukukwamkela oko.” Ndathi, “Andikwazi nje ukukwenza oko.”

Wathi, “Kodwa ndizizise kuwe.”

Wathi, ndathi, “Ndikuxelele ukuba uzibeke kwityala likaRicky.”

²⁰⁴ Wathi, “Ngale ntsasa, xana bendisiya kunika ugqirha ezi zishumi, ukuba ziye kwityala likaRicky, ugqirha wathi, ‘Awundityali kwanto.’ Wathi, ‘Andinanto yakwenza naloo nto.’ Wathi, ‘Yinto enkulu leyo.’ Wathi, ‘Ndi... Awundityali nenye isenti.’” Ke wathi, “Thabatha oku, Mzalwana uBranham. INkosi indixelele ukuba wawumele ukusithabatha.”

²⁰⁵ Ndacinga, “Owu, andikwazi.” Ndathi, “Nkosi, andiziva ngokungathi ndingakwenza oko.”

²⁰⁶ Ngoko into ethile yafika kum. UYesu emile ngenye imini, ebukele amadoda azizityebi ephosa kwintabalala yawo yemali. Owu, babenentabalala, ke babenikela kakhulu. Kwaye umhlolokazi omncinci wadlula ephethe iipeni ezintathu, kwaye yayikukuphela kwento anayo. Yayikukuphela kwento awayephila ngayo, waze wayiphosa phakathi. Ngoku yintoni engesasiyenzile? “Owu, dade, musa ukuyenza loo nto. Huh-uh. Uyazi, asikudingi oko. Musa ukuphosa oko phakathi. Kukuphela kokuphila kwakho oko.” Kodwa uYesu wamyeka nje waqhubeka wakwenza oko, kuba, “Kunoyolo ngakumbi ukupha kunokwamkela.”

²⁰⁷ Ndinezishumi ezincinci. Andazi ukuba ndenze ntoni ngazo. Ndiyakuzibeka ndaweni ithile, kwakulomsebenzi mnye ukwenzela uzuko lukaThixo, ndaweni ithile ngokona kungcono ndikwaziyo.

²⁰⁸ Ingaba yintoni leyo? LuZuko lukaThixo. NgaMandla kaThixo. Amathunzi ayawa; uKristu uyabonakala, kungako imiqondiso nezimanga zibonakala. Ingaba oko kukuKhanya koNyana kubonakaliswa kumakhwezi okusa, ngempiliso emaphikweni Akhe. Kwaye ukuba Uyakuzisa impiliso ukusuka ekubonakalisweni koBukho Bakhe, yintoni Ayakuyenza xana Esiza ngoBuqu? Le mizimba yethu inokonakala

iya kuguqulwa ize yenziwe ifane noNgoWakhe uMzimba ozukileyo. Kuyakuba yintoni na xana Yena afikayo? Ade Afike, sinombulelo ngokuKhanya koNyana woBukho Bakhe, njengokuba amakhwezi okusa enyuka amagwiba obuQaqawuli, kwaye ehleli phaya ukuze amkele ukuBuya Kwakhe ngale yure imnyama.


Masithandazeni.

²⁰⁹ Owu Nkosi, siKuthanda kakhulu kangangokuba side, Nkosi, akukho kuxela ukuba kude kube nini na... Asikaze sidinwe kukungqina ngeendumiso Zakho. Kodwa iyure ilapha ngoku, kukho abantu abagulayo abalindileyo. Uyabazi obu bungqina. Ziyiyo, ngokokwazi kwam, Nkosi, inyaniso echanekileyo. Yomqhubi wenqwelo moya emi phandle phaya, ebonisa indlela anokuma ngayo ngeenyawo zakhe, nazo zonke iimeko ezo umzimba wakhe owawukuzo; waza wanyusa imilenze yebhulukhwe yakhe waveza amadolo nemilenze yonke igqabhukile kwaye inamanxeba, apho oogqirha babezamide ukubeka nokubuyisela amathambo kunye. Umbonile umfazi emi phaya ngesiqabo ebusweni bakhe, kwaye sihlambeka ukuhla zinyembezi zovuyo, njengokuba wayexela ngemeko yakhe yesifo samathambo owathi waphiliswa ngaMandla Akho. Kwaye nolo sana luncinci luthandekayo, nobungqina bukatata kunye nabo ababekho.

²¹⁰ Ngoku, Nkosi, Umkhulu kanye njengokuba umkhulu apha ngale ntsasa, apha emnqubeni, njengokuba Unjalo naphina ehlabathini. Kwaye Uthembisile ukuba apho siyakuhlanguka kunye, ukuba Uyakuba phakathi kwethu. Ngoku siyakubiza abagulayo abo Ubathumele kuthi ngale ntsasa. Kwaye siya kubathandazela, kwaye siya kuthandaza ngeentliziyo zethu zonke, umthandazo wokholo. Kwaye wanga Ungabasindisa abagulayo uze ubavuse. Kwaye ukuba bathe benza izono, baxolele, Bawo, njengokuba sizivuma iziphoso zethu omnye komnye, kwaye sithandazelana omnye nomnye. Kwaye Wena wathi, "Osebenzayo, umthandazo onamandla welungisa uyoyisa kakhulu."

²¹¹ Siyazi ngomnye olele apha nathi kusanje, umama nje omncinci naba bantwana bancinane. Nkosi, ngokokutsho koogqirha, sele ekufuphi nesiphelo sohambo lwakhe. Kodwa siyathandaza, Thixo, ukuba Uyakuma phakathi kwake nolo tshaba. Kwaye xana simthambisayo kwaye simthandazela, anga aMandla Akho angawuchukumisa loo mphefumlo wakhe. Oko kuya kuzisa ukholo kunye nentlangulo. Kwaye wanga angaya ekhaya aze aphile, kwaye anike indumiso, kwaye a—abekukubonakaliswa kweKhwezi loKusa, ukwenzela uzuko lukaThixo. Amen.

²¹² Mzalwana uMercier, ngoku, njengokuba sithabatha abantu ngedinga, abantu abezayo. Siya kubiza nje elinani. Kwaye

babekwe kuluhlu lwabo abaya kuthandazelwa. 

58-1130 Mlindi, Kuxa Liphi Na Ebusuku?
e-Branham Tabernacle
e-Jeffersonville, e-Indiana U.S.A.

XHOSA

©2025 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

www.branham.org